IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

Entsha

1

Ikota 4

INcwadi kaTitshala

Funda Wande
Reading for Meaning

1

Ikota 4

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala

Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Illustrations

Many thanks to Anja Stoeckigt for her contribution to the primary illustrations found in this book.

Other illustrations provided by: Chantell and Burgen Thorne: pp. 3, 99; Jiggs Snaddon-Wood: pp. 15, 64; Rassie Erasmus: pp. 26, 81, 101; Vusi Malindi: pp. 27, 28; Alex Latimer: pp. 38, 39, 42, 44, 47, 60; Creative House: pp. 51, 53, 56; Heidel Dedekind: pp. 63, 75.

Cover

Anja Stoeckigt

Photo credits

Funda Wande Media Team: all photos taken in schools and classrooms; Shutterstock: p. 4: MrNovel (tin house), Myphotojumble (suburban house), Luke Schmidt (rural hut), Grobler du Preez (farmworkers' house), Howard Klaaste (low-cost housing), p. 6: meunierd (isiZulu house), Wandel Guides (isiXhosa house), Ariadna22822 (Basotho house), Karel Gallas (Pedi house), Pete Niesen (Setswana house), p. 16: Geoff Sperring (tin-roofed house), CG_dmitriy (steel beam), Sergey Dzyuba (glass sheets), Anton Starikov (floor tiles), p. 30: Vicky Chauhan (pangolin), p. 32: VladanRadulovicjhb (shop), Naypong Studio (crocodile), p. 39: Przemyslaw Skibinski (hippos), p. 40: Udo Kieslich (lion mane), Aleksandar Mijatovic (flamingo feathers), p. 68: Thepporn Riwkathok (rainwater tank), Excentro (jug), p. 74: Andrey tiyk (daytime sky), Malinovskaya Yulia (night-time sky), p. 88: MattLphotography (moon phases around Earth), p. 92: solarseven (sun), Outer Space (colourful stars), p. 100: (New Year in Cape Town); iStock: p. 39: Wirestock (elephant), Photocech (lion), p. 40: photosbyjim (springbok skin); Gallo: p. 87: The Science Photo Library/USA (the moon-landing), p. 100: Reuters/SIPHIWESIBEKO1 (New Year in Durban), THEGIFT777 (New Year in Johannesburg).

All other photos are provided with permission: Freepik

First edition published in 2026
by Funda Wande, Cape Town.

www.fundawande.org

ISBN: 9781997454342

Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, IBanga 1, Ikota 4, CC BY 4.0.*

Awunakangeza miqathango okanye uguqule milinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/

Isiqulatho

Ii-ayikhoni nezishunqulelo iv

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande v

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe v

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa v

INcwadi yomFundi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise v

Isiqulatho seKota yesi-4 vi

Isicwangciso seveki seKota yesi-4 vii

Imisebenzi yezemiThambo: IKota yesi-4 1

Isicwangciso sezifundo

Iveki yoku-1 Amakhaya 2

Iveki yesi-2 Amakhaya 14

Iveki yesi-3 Iimephu zomfanekiso 26

Iveki yesi-4 Iimephu zomfanekiso 38

Iveki yesi-5 Amanzi 50

Iveki yesi-6 Amanzi 62

Iveki yesi-7 Isibhakabhaka ebusuku 74

Iveki yesi-8 Isibhakabhaka ebusuku 86

Iveki ye-9 Iintsuku ezikhethekileyo 98

Iveki ye-10 Ukudityaniswa kunye nohlaziyo 110

ISAMPULU YESICWANGCISO SOHLOLO, IKOTA YESI-4 112

ULwimi lwaseKhaya neLitheresi: Imizekelo yeerubhrikhi neetsheklisti zohlolo 112

UkuPhulaphula nokuThetha 113

Izandi 114

UkuFunda neNgqiqo 115

UkuBhala ngeSandla 116

UkuBhala 117

IzaKhono zoBomi: Imizekelo yeerubhrikhi neetsheklisti zohlolo 118

ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo 118

UbuGsisa obuBonwayo 120

UbuGcisa beQonga 121

EzemiThambo 122

Imizekeliso yeerubhrikhi zakwaDBE 123

Isampulu yamaphepha afotokotshwayo ohlolo 131

Ii-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya

	UkuPhulaphula nokuThetha
	UkuFunda
	Izandi
	UkuBhala
	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala
	UmSebenzi Owenza Wedwa
	Ukujonga nokunika ingxelo (LK neKB)

IzaKhono zoBomi

	ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo
	EzobuGcisa beQonga
	EzemiThambo

Ii-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNF

Bhala	Faka imibala okanye zoba

INcwadi kaTitshala – NT
INcwadi yomFundi – NF
INcwadi eNkulu – NN
IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa – KNF
UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala – FQNT
UkuziPhatha neNtlalo – PN
ULwazi olusisiSeko – LS
ULwimi lwaseKhaya – LK
UkuFunda ngabaBini – FB
UmSebenzi Owenza Wenza – SOW
Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande

Inkqubo yakwaFunda Wande idibanisa uLwazi lokuFunda nokuBhala uLwimi lwaseKhaya kunye nezaKhono zoBomi zabafundi bamaBanga 1–3 esekelwe kwikharityhulam kaCAPS. Ngokulandela le nkqubo, abafundi baza kufunda ukufunda nokubhala kwaye baphuhlise uLwazi olusisiSeko, izakhono nesigama. Konke oku kuza kubalungiselela ibanga eliphezulu kunye nezinye izifundo zolwini.

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe

Kukho iNcwadi kaTitshala yekota nganye kuwo onke amabanga esiGaba esisiSeko. Sisalathiso semihla-ngemihla sotitshala abaxakekileyo, ukukunceda ngesicwangciso sakho, ulandelelwano nohlolo. INcwadi kaTitshala ibonisa umxholo wesifundo ngasinye – omawukufundise kwaye ngoluphi ulandelelwano. Isicwangciso seveki nesicwangciso sekota nazo zinikiwe. INcwadi kaTitshala (NT) ikwanika **nangemiSebenzi yoHlolo** ecebisiweyo ekupheleni kweNT nganye. Izifundo nemisebenzi yohlolo zisekelwe, kwaye ziquka yonke ikharityhulam kaCAPS.

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa



IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) esahlukileyo, esongezelelweyo sinika nezikhokelo malunga nezinto zesiqhelo zokwenza izinto, iingcebiso ngendlela yokufundisa uhlobo lwesifundiso ngasinye kwinkqubo kaFunda Wande. Singasetyenziswa ekuqaleni kwekota nganye ngexesha lokuqeqesha okanye elokucwangcisa kwaye naninina, ukujonga ukuba uwalandela ngokuchanekileyo namanyathelo esifundo kwaye usisebenzisa ngokupheleleyo na isifundo.

Kuhlobo ngalunye lwesifundo, IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) sichaza:

1. **Injongo** yolu hlobo lwesifundo: kutheni sifundisa ezi zifundo nje
2. **Inkqubela** yoluhlobo lwesifundo: indlela yokwenza izinto nesicatshulwa esinikiweyo kwinkqubo siqhubela phambili kuwo omathathu amabanga ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana izakhono nolwazi ezithe kratya
3. **Indlela yokufundisa:** indlela yokufundisa isifundo, ngendlela ecacileyo, ulandelelwano ngenyathelo ngalinye; injongo yenyathelo ngalinye kwaye nawuphina umahluko phakathi kwamabanga omathathu ucacisiwe
4. **Ukwahlula**: ukumelana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo kolu hlobo lwesifundo
5. **Uhlolo olungekho seSikweni**: indlela yokusebenzisa olu hlobo lwesifundo ukuhlola inkqubo yemihla ngemihla yabafundi
6. **Uhlolo oluseSikweni**: indlela esesikweni yokuhlola izakhono nolwazi ezifundisiweyo kolu hlobo lwesifundo kwikota nganye, esekelwe kwikharityhulam kaCAPS

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) yincwadi yesalathiso elungiselelwe bonke ooTitshala besiGaba esisiSeko, iBanga 1–3, ukuba bayisebenzise kunye neNT.

INcwadi yomFundi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise

INcwadi yomFundi (NF) inamaphepha asetyenziswa ngabafundi ngexesha lesifundo. Amaphepha abekwe ngendlela enye nemisebenzi ekwiNT. Abafundi baza kugqibezela eminye imisebenzi ebhalwayo kwiNF kodwa bagqibezela uninzi lwemisebenzi ebhalwayo kwincwadi yokubhalela.

INcwadi eNkulu yenzelwe ukuba isetywenziswe xa abafundi behleli emethini ngezifundo zokuFunda noTitshala neseZakhono zoBomi. Zikhona kwikota zonke zeBanga loku-1 nakwiBanga lesi-2. Amamphepha eNcwadi eNkulu (NN) akhona nakwi**Ncwadi yomFundi (NF)**.

Isiqulatho seKota yesi-4

Iveki	Umxholo	Ndisesiphi	Ibali lokuFunda noTitshala	IzaKhono zoBomi Isicatshulwa esineenkcukacha	ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	UkuPhulaphula nokuThetha
1	Amakhaya	*Umakhulu owayehlala esihlangwini*	*Umakhulu owayehlala esihlangwini*	Amakhaya oMzantsi Afrika	Amakhaya ohlukeneyo eMzantsi Afrika Amakhaya angaqhelekanga	Balisani ibali Yenzani isicengcelezo
2	Amakhaya	*Izindlu ezintathu zokudlala*	*Izindlu ezintathu zokudlala*	Izixhobo zokwakha amakhaya	Izixhobo zokwakha Iihagwana ezintathu	Yenzani ibha grafu yeklasi Yenzani isicengcelezo
3	Iimephu zomfanekiso	*Utyelelo kumyezo wezilwanyana*	*Utyelelo kumyezo wezilwanyana*	Utyelelo kumyezo wezilwanyana	Izilwanyana ezisemngciphekweni Iimephu zomfanekiso	**UkuPhulaphula nokuThetha Uhlolo loku-1:** Ukuhamba-hamba Yenzani isicengcelezo
4	Iimephu zomfanekiso	*Ndisesiphi isilwanyana?*	*Izilwanyana zasendle*	Sesiphi esi silwanyana?	Iileyibheli nemifanekiso Imephu yokuhamba-hamba kukaRubhi	Ooqashi-qashi Ukulinganisa ooqashiqashi
5	Amanzi	*Echibini*	*Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe*	Echibini	**Ulwazi olusiSiseko nokuziPhatha neNtlalo Uhlolo loku-1:** Indlela izilwanyana ezisebenzisa ngayo amanzi Amanzi alungele ukuselwa	Ukuhlela izilwanyana Yenzani isicengcelezo
6	Amanzi	*Intlanzi enkulu*	*Intlanzi enkulu*	Ukusebenzisa amanzi emakhaya	Ukonga amanzi	**UkuPhulaphula nokuThetha Uhlolo lwesi-2:** Ukuphulaphula ngeNgqiqo Isicengcelezo samanani esihambelana neentshukumo
7	Isibhakabhaka ebusuku	*Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere*	*Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere*	Imini nobusuku	Imini nobusuku Inyanga kubusuku baphezolo **ULwazi olusiSiseko nokuziphatha neNtlalo Uhlolo lwesi-2:** Ipowusta yemini nobusuku	Imini nobusuku Yenzani isicengcelezo
8	Isibhakabhaka ebusuku	*Oosomajukujuku enyangeni*	*Oosomajukujuku enyangeni*	Izigaba zenyanga	Inyanga phezolo Funda ngeenkwenkwezi Amabali ngesibhakabhaka ebusuku	Ukulandela imiyalelo Isicengcelezo esibalayo
9	Iintsuku ezikhethekileyo	*UNkwenwezi Omncinci*	*UNkwenwezi Omncinci*	Umhla weNyibidyala	Amagqabantshintshi alo nyaka sikuwo Iminqweno yonyaka omtsha	Imibuzo evulekileyo Isicengcelezo
10	Ukudityaniswa kunye nohlaziyo					

Ukwakhiwa koLwimi	UkuBhala Wedwa	FQNT nomSebenzi Owenza Wedwa	Izandi	EzobuGcisa	EzemiThambo
Jonga IsiKhokelo seNdelela yokuFundisa ukuze ufumane izakhiwo zolwimi emazifundiswe kule kota. Fundisa ngexesha lezifundo zokuFunda noTitshatala nokuBhala.	Isakhiwo sebali	Iqela libe li-1 ngosuku noTitshala	Uhlaziyo lwekota yesi-3	ObuBonwayo: Ukuzoba indlu BeQonga: Ukulingisa ibali	Imisebenzi ekhethiweyo
	Ukubalisa iindaba	Amaqela ama-2 ngosuku noTitshala	nc; nd Ubizelo	**UbuGcisa obuBonwayo Uhlolo loku-1:** Ukuyila nokwenza indlu yokudlala BeQonga: Ukulingisa ibali, lihagwana ezintathu	Imisebenzi ekhethiweyo
	Ulandelelwaniso lwezivakalisi	Amaqela ama-2 ngosuku noTitshala	ng; nk	ObuBonwayo: Iqela libonisa ngemephu yomyezo wezilwanyana BeQonga: Umdlalo wokuqhwaba/ukudanisela umculo	Imisebenzi ekhethiweyo
	Ooqashi-qashi	Amaqela ama-2 ngosuku noTitshala	nt; ny	ObuBonwayo: Ukwenza incwadi ngokuhamba-hamba kukaRubhi **UbuGcisa beQonga Uhlolo loku-1:**	Imisebenzi ekhethiweyo
	Ukuhamba-hamba kukaTitshala	Amaqela ama-2 ngosuku noTitshala	nx; nz	ObuBonwayo: Ukupeyinta ngamanzi Ukufaka umbala amaxolo entlanzi **UbuGcisa beQonga Uhlolo lwesi-2:** Ingoma yesiNtu/ umxhetso	Imisebenzi ekhethiweyo
	Isakhiwo sebali	Amaqela ama-2 ngosuku noTitshala	nq; ng'	**UbuGcisa obuBonwayo: UHlolo loku-1** Ukuzoba umzimba owenza intshukumo BeQonga: Ukudanisela umculo	**EzemiThambo UHlolo loku-1:** Yenza onobumba bealfabhethi
	Imini nobusuku **UkuBhala Uhlolo loku-1:** Gqibezela izivakalisi	Amaqela ama-2 ngosuku noTitshala	nj & nh; Uhlaziyo **UkuBhala ngeSandla UHlolo loku-1:** Ukwakha onobumba	BeQonga: Ukubonisa imini nobusuku	Imisebenzi ekhethiweyo
	UkuBhala UHlolo lwesi-2: IiNdaba zam	**UkuFunda UHlolo loku-1:** Funda isivakalisi esiboniweyo **UkuFunda UHlolo lwesi-2:** Ingqiqo	**Izandi UHlolo loku-1: Izandi UHlolo lwesi-2:** Ubizelo	ObuBonwayo: Ukwenza isiphekepheke sasemajukujukwini BeQonga: Amaqela alingisa ngokuhla ukwehla enyangeni	**EzemiThambo UHlolo lwesi-2:** Usuku lwezemidlalo
	Siziinkwenkwezi!	Amaqela ama-2 ngosuku noTitshala	Uhlaziyo	ObuBonwayo: Zoba inkwenkwezi BeQonga: Ukudanisela umculo	Imisebenzi ekhethiweyo

IBanga loku-1 Isicwangciso seveki

Utshintsho kwisicwangciso esihlaziyiweyo luphawulwe ngombala obomvu. Xa usebenzisa isicwangciso esihlaziyiweyo, lungisa isicwangciso sesifundo ngolu hlono:

- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa obuBonwayo** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa beQonga** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Kwe**ZemiThambo,** qhubekeka usebenza ngezitishi ezine zomsebenzi, kodwa utshintsha ntshintshe abafundi kwe ziveki zimbini.
- Xa amaQela oFQNT enziwe (iveki yesi-5), **izifundo ezifakelweyo zoFQNT** zingasetyenziswa ukuphinda imisebenzi kwaye ukomeleza izakhono ezifundisiweyo evekini. Nika imisebenzi yokusebenza wedwa ekwincwadi yomsebenzi yakwaDBE okanye egumbini lokufundela.

IBANGA LOKU-1 (ULwimi lwaseKhaya)					
	Mvulo	**Lwesibini**	**Lwesithathu**	**Lwesine**	**Lwesihlanu**
IZIBALO * **85 imiz x iintsuku ezi-4 + 55 imiz x usuku olu-1 / 96 imiz x iintsuku esi-5 kwisiCwangciso esihlaziyiweyo**					
I-ORALI					
15 imiz/ 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	Intlanganiso yaKusasa (lindaba)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (lindaba)
15 imiz	UkuPhulaphula nokuThetha (UkuFunda ibali ngokuvakalayo)	UkuPhulaphula nokuThetha		UkuPhulaphula nokuThetha (Ingoma/umbongo)	
ULWAZI OLUSISISEKO NEPN					
15 imiz	ULwazi olusisiSeko nePN (isifundo esigxile kwisicatshulwa) (30 imiz / 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	ULwazi olusisiSeko nePN (umsebenzi)	ULwazi olusisiSeko nePN		
UKUFUNDA NOKUBHALA					
INGUQUKO: tsheza iipensile, gqithisa iincwadi, nikeza ngemisebenzi					
15 imiz	Izandi (unobumba-sandi omtsha)	Izandi (umsebenzi)	Izandi (unobumba-sandi weveki yesi-5)	Izandi (ukudibanisa nokwahlula amalungu)	Izandi (umdlalo okanye ubizelo)
15 imiz	UkuBhala ngeSandla (Iintshukumo ezinkulu)	UkuBhala ngeSandla (ukuziqhelanisa kwiincwadini zomsebenzi)	UkuBhala ngeSandla (iintshukumo ezinkulu)	UkuBhala ngeSandla (ukuziqhelanisa kwiincwadi zomsebenzi)	
INGUQUKO: ingoma					
15 imiz		UkuFunda noTitshala 1 (gxila kwisicatshulwa)	UkuFunda noTitshala 2 (gxila ekuguquleni)	UkuFunda noTitshala 3 (gxila kwiimpendulo)	
15 imiz			UkuBhala noTitshala	UkuBhala noTitshala	UkuBhala Wedwa
Yolula uze uhlukuhle/iqela maliye emetheni liyokwenza uFQNT					
30 imiz	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa
					Ukujonga nokunika ingxelo
IZAKHONO ZOBOMI					
30 imiz	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	Ezemithambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)
30 imiz	UbuGcisa obuBonwayo	UbuGcisa obuBonwayo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	UbuGcisa beQonga	UbuGcisa beQonga (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	
30 imiz/ 35 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo*	ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo*	ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo*	ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo*	ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo*

*Akuqukwanga kolu Cwangciso lwesifundo

Imisebenzi yezemiThambo: IKota yesi-4

Khetha imisebenzi emine kwiveki nganye, egxile kwizakhono ezahlukileyo.

IINTSHUKUMO ZAMALUNGU OMZIMBA

- Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukeneyo
- Ukusebenzisa iimvakalelo: ukumamela imiyalelo uhamba-hamba

ISINGQI

- Tsiba ugqaphu usenza isicengcelezo
- Ukuqhwaba izandla nibabini nisenza isicengcelezo
- Ukutsiba usikhotshi

ICALA

- Ukungcileza ngomlenze omnye wasekunene nowasekhohlo (landela inkokheli)
- Ukuphosa ufake ibhola kwisazinge ngesandla esinye, sasekunene nesasekhohlo
- Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukileyo

UKUXHATHISA

- Ukuhamba entanjeni ngamacala/usiya phambili/ubuya umva
- Ukubeka izandla esinqeni/emqolo/emacaleni
- Imidlalo ephephisayo nokutshintsha indlela

UKUSEBENZISANA KWAMALUNGU

- Phosa ibhola kwinto elungiselelwe oko ngesandla sakho esomeleleyo/esibuthathaka, bala ozichanileyo
- Khabela ibhola kwinto elungiselelwe oko ngonyawo olomeleleyo/elibuthathaka, bala ozichanileyo
- Phosa ugange ingxowana eneenkozo
- Yenza umdaniso oneentshukumo ezi-4–6 eziphindaphindayo
- Ujingi – ingalo zibhabha ube ubambelele nca

IINDIDI ZEMIDLALO

- Dlala imidlalo elula yesiNtu, xoxani ngemigaqo
- Landela inkokheli
- Balekani umdyarho ngeenzwane/nibuya umva/ningcileza/ikiriva/ukuhamba njengononkala
- Imidlalo yeentshukumo – mayiquke imiba yobungakanani (ubukhulu/ubuncinane), umgama, indawo nobungakanani (ubuninzi/ubuncinci)

UKUZIQHELANISA NESITHUBA

- Ukubalekela kwiindlela ezahlukileyo bengagilani besebenzisa sonke isithuba esikhoyo
- Ukuma emgceni/esangqeni
- Ibala elinemiqobo: Ukutsiba/ukurhubuluza/ukukhasa/ukunyuka/ukungcileza/njl.



Iindidi zamakhaya

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

ikhaya | ibhotwe | ukumbombozela | ukucaphuka | ngequbuliso

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- ikhadibhodi/iphepha
- iikhrayoni/iikhokhi, ipensile
- izinto zokulinganisa (umzekelo iimpiko zoonomabhabhathane, iintonga zemilingo, iiglasi)
- izinto zokubala *nedayisi lokudlala umdlalo wentaka*
- iingxowa okanye iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezidingekayo zemisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo



Umakhulu owayehlala esihlangwini

Kudaladala kwakukho umakhulu owayehlala esihlangwini esidala, esikhulu. Wayengalithandi elo khaya lakhe. Wayesoloko **embombozela** ngendlu yakhe esisihlangu. Yayimnyama kakhulu, kwaye kwakunzima ukuyicoca.

Ngenye imini unomabhabhathane onobubele weva umakhulu embombozela waze wamsizela ngokuhlala esihlangwini esidala kunoba ahlale endlini. Wathi unomabhabhathane, 'ndingakunceda ukuba ufuna indlu engcono, kodwa kufuneka uyeke ukumbombozela.' Umakhulu ke wathembisa ukuba uza kuyeka ukumbombozela kwaze ngequbuliso, **ngomlingo**, wazibona esendlini encinci eneefestile nomnyango. Wayekonwabele ukuphuma endlini yesihlangwini esidala.

Kodwa, emva kwexeshana, wadikwa yile ndlu incinci, waze waqala ukumbombozela kwakhona. 'Le ndlu incinci kakhulu. Ndifuna amagumbi awongezelelweyo negadi enkulu. Ndinqwenela ukuhlala endlini ENKULU.

Unomabhabhathane onobubele weva umakhulu embombozela. Wathi unomabhabhathane, 'Ndiza kukunika elinye ithuba. Ndiza kukunika indlu ENKULU, kodwa kufuneka uyeke ukumbombozela.'

Ngequbuliso, umakhulu wayesendlini ENKULU. Wayekonwabele ukuphuma endlini encinci. Kodwa, emva kwexeshana, waqala ukungayonwabeli indlu ENKULU. Wathi, 'Le ndlu incinci. Ndifuna indlu enkulu kakhulu. Ndifuna abantu babone ukuba ndinamagumbi amaninzi nequla lokudada egadini yam.'

Unomabhabhathane onobubele weva umakhulu embombozela. Wathi kunomabhabhathane, 'Lithuba lakho lokugqibela eli. Ndiza kukunika indlu ENKULUKAZI**,** kodwa kufuneka uyeke ukumbombozela.' Kwakhona, umakhulu wathembisa ukuba uza kuyeka ukumbombozela kwaye ngequbuliso wayesendlini ENKULUKAZI. Waqala wonwaba, kodwa emva kwexeshana, nendlu le INKULUKAZI yayingonelanga. 'Kunzima ukuyicoca le ndlu,' wambombozela. 'Kufuneka ndisebenze nzima. Ndifuna ukuba yinkosazana kwaye ndihlale **kwibhotwe** elinabasebenzi abaninzi abandisebenzelayo.'

Unomabhabhathane onobubele weva umakhulu embombozela. Kodwa ngoku wacaphuka kakhulu. Wayefuna ukumfundisa isifundo umakhulu. Ngephanyazo umakhulu wazibona ekwi … *Qikelela ukuba waphelela phi?* Ewe, wayebuyele kwindlu yakhe endala yesihlangu. Umakhulu wayengayekanga ukumbombozela kwaye unomabhabhathane akazange aphinde amndwendwele kwakhona.

ISIGAMA

embombozela – ukukhalaza ngokuthetha ngokungavakaliyo ngezinto ongazithandiyo

ngomlingo – amandla okwenza okungenzekiyo kwenzeke; into engenzekiyo ebomini benyani

ibhotwe – indlu enkulu kakhulu apho kuhlala khona iikumkani neekumkanikazi

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA — Iindaba

15 imiz.

Lungiselela
- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga
- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini
- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba Zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana
- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO — *Umakhulu owayehlala esihlangwini*

NT iph. 3

15 imiz.

Phambi kokufunda
- Yazisa ibali.
- Buza: Yintoni oyaziyo ngoonomabhabhathane? (*lilibhabhathane lomlingo kwaye ziyakwazi ukukufezekisa iminqweno.*)

Funda ibali ngokuvakalayo
- Cacisa isigama esitsha

Emva kokufunda
- Buza imibuzo ukuphuhlisa umxholo:
  - Zingaphi izindlu umakhulu azifumene kunomabhabhathane?
  - Yintoni eyamenza aphelele esihlangwini kwakhona?
  - Sesiphi isifundo osifunde kweli bali?

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN — Amakhaya ahlukileyo eMzantsi Afrika

NN iph. 1

30 imiz.

Ulwazi lwangaphambili
- Yintoni ikhaya?
- Kutheni sidinga ikhaya?
- Kutheni abanye abantwana bengenawo amakhaya?
- Isenza sizive njani lonto?

Funda iNcwadi enKulu
- Jongani imifanekiso kunye. Zeziphi ezi ntlobo zezindlu owakhe wazibona?
- Buza imibuzo ekwiphepha leNcwadi eNkulu.

IZANDI — Uhlaziyo

NF iph. 2

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawulezisa, bonisa ngoonotsheluza boonobumba abasele befundisiwe. Abafundi babiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi banika amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.
- Rhangqela isandi kwisivakalisi.

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NF iph. 7-9

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Iqela A

30 imiz.

NF iph. 10

KNF iph. 24-27



Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-4 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa wesi-4 lale veki kwiNF.
- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncedo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zomsebenzi

- Cela abafundi abazithembileyo babonise abanye.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Jonga iimilo zezindlu

30 imiz.

Phandle

- Abafundi bajonge indlu ekufutshane nesikolo ngononophelo. Banakho nokusebenzisa umfanekiso wendlu abawuthatha kwimagazini.
- Baqwalasele imilo, indawo kunye nombala weefestile, amacango, uphahla, igadi, njl.

Egumbini lokufundela

- Xoxani ngabakuqwalaseleyo abafundi malunga neempawu zendlu. Bakhuthaze banike inkcukacha ezininzi.
- Sebenzisa isigama esifana nesikwere, uxande, ekunene, ngaphezulu, ngaphambili njl.
- Zoba indlu ebhodini.
- Emakhaya, abafundi mabajonge imilo nendawo sezimpawu kumakhaya abo ukuze bakwazi ukuyizoba ngengomso.

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

Irejista, khalenda, imozulu

Dlalani isandi esifanayo okanye esahlukileyo

- Bizani izandi ezibini (umzekelo, SSS noSSS, okanye uLLL noFFF).
- Abafundi baphakamisa umnwe omnye ukuba izandi ziyafana okanye emibini ukuba beva izandi ezahlukileyo.
- Kuphinde oku ngezinye izandi.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Ingxoxo yabantu

NT iph. 3

15 imiz.

Khumbuza abafundi ngebali: *Umakhulu owayehlala esihlangwini*

Cinga-ngababini-yabelana

- Ungathanda ukuhlala esihlangwini esikhulu? Ngoba kutheni?
- Unomabhabhathane unike umfazi izindlu ezintathu. Leliphi ikhaya ocinga okokuba ngawayeligcinile? Ngoba?
- Ingaba uyayithanda indlela ibali eliphele ngayo? Chaza ukuba kutheni uyithanda okanye ungayithandi.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN Izindlu zesiNtu

NF iph. 3

15 imiz.



Ukuhlaziya

- Iindidi ezahlukileyo zamakhaya aseMzantsi Afrika.

Ukufunda

- Xoxani ngemifanekiso nifunde iileyibhile kunye nabafundi.

Xoxani

- Korekisha amakhaya owakhe wawabona
- Ingaba ehluke njani la makhaya?
- Zeziphi iimilo ozibonayo?

IZANDI Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

i	bh	o
l	ph	a
c	e	e
i	ch	b

Lungiselela

- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala
ibhola, icephe, iphela, iphelo, cheba, chola

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Umakhulu owayehlala esihlangwini*

NN iph. 2-5

15 imiz.

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi *Umakhulu owayehlala esihlangwini*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: ikhaya, ibhotwe, ukumbombozela, ukucaphuka, ngequbuliso

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 7-9

- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA Iqela B

30 imiz.

NF iph. 10

KNF iph. 24-27



Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-4 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa wesi-4 lale veki kwiNF.

- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncedo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA OBUBONWAYO Zoba indlu yakho

30 imiz.

Ukulungiselela

- Khupha amaphepha, iipensile neekhrayoni/iikhoki
- Xelela abafundi bazobe izindlu zabo.

Abafundi bazoba amakhaya abo

- Khuthaza abafundi bafakele iinkcukacha.
- Cela umfundi ngamnye akuxelele ngendlu yakhe.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN — Amakhaya angaqhelekanga

Ukufunda

- Jonga imifanekiso.
- Funda ngodidi ngalunye lekhaya.

Xoxani ngamakhaya angaqhelekanga

- Wakhe wawabona amakhaya anje?
- Xoxani ngamakhaya ngokunxulumene ngokusingqongileyo, umzekelo, amakhaya kwiimozulu ezishushu nezibandayo.
- Leliphi onokuthanda ukuhlala kulo? Yitsho ngoba.

NF iph. 4

15 imiz.

IZANDI — Uhlaziyo

Hlaziya izandi

- Ngokukhawulezisa, bonisa ngoonotsheluza boonobumba abasele befundisiwe. Abafundi babiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi

- Abafundi banika amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba, izandi kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.
- Rhangqela isandi kwisivakalisi.

NF iph. 5

15 imiz.

KNF iph. 8-13



UKUBHALA NGESANDLA

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

15 imiz.

KNF iph. 31-37

UKUFUNDA NOTITSHALA (2) — *Umakhulu owayehlala esihlangwini*

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Umakhulu owayehlala esihlangwini*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: ikhaya, ibhotwe, uyambombozela, ukucaphuka, ngequbuliso

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN iph. 2-5

15 imiz.

UKUBHALA NOTITSHALA — Isakhiwo sebali

15 imiz.

KNF iph. 38-41

Ukulungiselela
- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.

Xoxani ngesakhelo sokubhala
- Lwazi luni elinikwa sisakhiwo sebali?

Gqibezela isakhiwo sebali "Umakhulu owayehlala esihlangwini"
- Abafundi mabanike ulwazi ukugqibezela isakhelo.
- Xelela abafundi bapele amagama achanekileyo njengokuba ubhala iingcebiso zabo ebhodini.

Fundani isivakalisi kunye



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 7-9

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Iqela C

30 imiz.

NF iph. 10

KNF iph. 24-27

Yazisa ukufunda ngezibini
- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-4 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo
- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa wesi-4 lale veki kwiNF.
- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncedo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.



EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA — Linganisa ibali

30 imiz.

Ngababini
- Abafundi benza ulandelelwaniso lweziganeko ngebali elithi *Umakhulu owayehlala esihlangwini.*

Linganisa
- Ngababini balinganise ibali.
- Qwalasela uze uncome izijekulo ezichanekileyo kunye neentshukumo.

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Ukucengceleza umbongo

15 imiz.

Umakhulu owayehlala esihlangwini

Kwakukho umakhulu
Owayehlala esihlangwini
Wayenochuku kwaye ehlala ecaphuka
Wayengayazi ukuba makenze ntoni.
Wayencwina embombozela

Ukusukela kusasa ukuya ebusuku
Wayenezikhalazo ezininzi
Ukuba kwakungekho nto ilungileyo!
Indlu yam iyabanda kwaye imnyama kakhulu!

IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.



UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3) *Umakhulu owayehlala esihlangwini*

NN iph. 2-5

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Umakhulu owayehlala esihlangwini*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: ikhaya, ibhotwe, uyambombozela, ukucaphuka, ngequbuliso

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.

UKUBHALA WEDWA — Bhala ngendlu kamakhulu

15 imiz.

Fundani kwakhona isakhiwo sebali ebeniyenze izolo

Abafundi mabazobe baze babhale

- Abafundi mabazobe umfanekiso wenye yezindlu zikamakhulu.
- Abafundi mababhale inkcazelo yendlu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 7-9

- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Iqela C

30 imiz.

NF iph. 10

KNF iph. 24-27



Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-4 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa wesi-4 lale veki kwiNF.
- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncedo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA BEQONGA — Linganisa ibali

30 imiz.

Ukulungiselela

- Banike izinto ezifana neenduku, iimpiko zikanomabhabhathane, isambatho, isikhafu.

Ukunikezela

- Iqela elinye lilinganisa indawo yokuqala yebali umakhulu owayehlala esihlangwini.
- Amanye amaqela alinganisa ezinye indawo zebali.
- Phinda ade onke amaqela alinganise.
- Nika ingxelo ekhuthazayo ekupheleni komlinganiso ngamnye.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA — Iindaba

15 imiz.

Lungiselela
- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga
- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihloko?

Izibini
- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba Zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana
- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

IZANDI — Umdlalo wentaka

NF iph. 6

15 imiz.

- Dlalani ngababini.
- Hambisa ngokwenani elikwidayisi/inani leebhloko.
- Biza unobumba wesandi ophele kuye.
- Nika igama elineso sandi.
- Khangela ukuba iqabane lakho lenze ngokuchanekileyo na.

UKUBHALA WEDWA — Ukwabelana nokubonisa

15 imiz.

Ngababini
- Abafundi babelana ngemizobo ebebeyenze izolo baze bafunde izivakalisi zabo ngokuvakalayo.
- Bachaze abakuzobileyo nokuba kutheni.
- Bonisa ngombhalo kwiKona yokuFunda.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 7-9

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Iqela E

30 imiz.

NF iph. 10

KNF iph. 24-27



Yazisa ukufunda ngezibini
- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-4 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo
- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa wesi-4 lale veki kwiNF.
- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncedo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Izixhobo zokwakha

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

iplanga | isitena | ingca | iithayile | itoti

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki kunye nepensile
- amaphepha amakhulu (A4 okanye amakhulu, amhlophe okanye ayimibala-bala)
- ipeyinti yepowusta/iikhrayoni zewax
- izinto ezilahlwayo zasemakhaya (ezicocekileyo kwaye ezingahlabiyo)
- iibhokisi, ikhadibhodi
- izikere, iglu, iseloteyiphu
- iibhegi, iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- Izixhobo ezifunekayo zemiSebenzi yezemiThambo ekhethiweyo



Izindlu ezintathu zokudlala

Ngenye imini umama wam wathenga isitovu esitsha. Safika ngebhokisi yekhadibhodi elikhulu kakhulu. 'Ndingenza ntoni ngale bhokisi?' watsho umama emva kokuba utata ekhuphe isitovu ekhadibhodini.

Sathi sakubona ibhokisi mna nodadewethu, sayicela. 'Singayifumana, mama?' ndabuza. 'Singazenzela indlu yokudlala.'

Sayenza nyhani indlwana yethu. Sabeka imiqamelo, iingubo kunye nezinto zokudlala endlini yethu. Sasonwabe kakhulu endlini yethu kwaye nekatana yethu yayifuna ukuhlala kuyo ngoba yayifudumele kwaye kwakukho umqamelelo ontofontofo wokulala. Kodwa emva kwexesha indlu yethu yekhadibhodi yakrazuka. Ngoko ke yaba kukuphela kwayo oko.

Ngenye imini sasingenanto yakwenza. 'Singenza ntoni mama? **Sinesithukuthezi** namhlanje,' sakhalaza.

'Ndinecebo,' watsho umama. 'Kutheni ningazakheli indlwana yokudlala.'

'Intoni? Asinayo **isamente** okanye izitena nje mama,' ndatsho.

'Jongani eyadini yethu, nibona ntoni? Ningasebenzisa ntoni ukwenza amadonga?' wabuza umama.

Ndaxuba isanti namanzi ukwenza udaka kwaye ndasebenzisa namatye ukwakha amadonga. Udadewethu wenza uphahla oluhle ngengca. Nantso indlela esayakha ngayo indlu yethu yokudlala.

Yayincinci kakhulu, oonodoli baka dadewethu babengoneli ngaphathi kwayo kodwa kungekudala isigcwawu sangena ngaphakathi saze senza indlu yaso yesigcawu. Sazenzela ikhaya endlini yethu yodaka.

Emva koko safumana ummangaliso omhle. Utata wasenzela indlu yokudlala emthini omkhulu eyadini yethu. Wathenga amaplanga, intambo kunye nezikhonkwane. Wabethelela waze wasarha egaraji. Utata wakha indlu esemthini enomnyango neefestile. Wayenzela ileli yentambo yokuqabela. Sabeka izitulo kunye netafile kunye nemiqamelo ukwenzela ukudlala nabahlobo bethu.

ISIGAMA

sinesithukuthezi – xa ungenanto yokwenza

isamente – umgubo wokwakha ongwevu odityaniswa nesanti namanzi

ndaxuba – ukudibanisa izinto ezahlukileyo

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA — Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO — *Izindlu ezintathu zokudlala*

NT iph. 15

15 imiz.

Phambi kokufunda
- Yintoni indlu yokudlala?

Ukufunda ibali ngokuvakalayo
- Funda ibali ngokuvakalayo.
- Cacisa isigama esitsha.

Emva kokufunda
- Yeyiphi eyonandlu yokudlala oyithande kakhulu? Ngoba?

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN — Izixhobo zokwakha amakhaya

NN iph. 6

30 imiz.

NF iph. 11

Ulwazi lwangaphambili
- Wakhe wayibona indlu isakhiwa? Zixhobo zini zokwakha owazibona zisetyenziswa ngabakhi kwindawo ezahlukileyo?
- Sibonile ukuba amakhaya ahlukile. Zizixhobo ezinjani amadonga/imigangatho/amaphahla ezenziwe ngazo? (Buyela ebalini.)

Xoxani ngetekisi
- Fundani itekisi nize nixoxe ngemibuzo ekwiNcwadi eNkulu.

IZANDI — Isandi u-nc

NF iph. 12

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi



UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 16-19

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zomsebenzi

- Cela abafundi abazithembileyo babonise abanye.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UBUGCISA OBUBONWAYO UHLOLO LOKU-1

Yenza indlu yokudlala

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Yazisa

- Khumbuza abafundi ngebali *Izindlu ezintathu zokudlala.*

Ukucacisa umsebenzi

- Abafundi ngabanye benze indlu yokudlala, ngababini, okanye ngamaqela.
- Abafundi benze isicwangciso kwaye baze nezixhobo.
- Khumbuza amaqela ukuba aze nekhadibhodi elizokusebenza njenge sitrato apho izakhiwo zizobekwa khona.
- Umsebenzi ugqitywa kwiintsuku ezimbini (Mvulo noLwesihlanu).

Ixesha elongezelelweyo

- Ukuba ixesha elongezelelweyo liyadingeka, ixesha lingathathwa kule veki kweZEMITHAMBO okanye kwezobuGcisa beQonga.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-120
Amanqaku: 5

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Yenza ibha grafu yeklasi

15 imiz.



Lungiselela
- Zoba igrafu yezitena ebhodini.
- Buza: Sizakufumanisa kanjani ukuba ngamaphahla anjani esinawo ezindlini zethu? (ngokubuza imibuzo size sibale izandla)
- Yeyiphi imibuzo ekufuneka siyibuzile?

Gqibezela igrafu
- Buza abafundi imibuzo uze ubhale iziphumo.
- Faka umbala kwiibhloko ezakumela amanani kwikholam nganye.
- Xa ugqibile, buza: Loluphi elona phahla lungaqhelekanga/ oluqhelekileyo.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Izixhobo zokwakha

NF iph. 13

15 imiz.

Jonga imifanekiso
- Xoxani ngezixhobo zokwakha ezisetyenziswe kumfanekiso ngamnye.

Phendula imibuzo
- Abafundi baphendule umbuzo ngokubhala inombolo yomfanekiso ecaleni kombuzo.
- Abafundi baphendule umbuzo ngamakhaya abo.

IZANDI

Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Lungiselela
- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala
incindi, inqindi, incanda, nqanda, funda, ncuma
- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

i	nc	nd
i	nq	i
a	o	f
u	m	a

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Izindlu ezintathu zokudlala*

NN iph. 7-10

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Izindlu ezintathu zokudlala*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: iplanga, isitena, ingca, iithayile, itoti

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 16-19

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA *Amaqela C noD*

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO *Izitishi zomsebenzi*

30 min

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

UBUGCISA OBUBONWAYO UHLOLO LOKU-1 Yenza indlu yokudlala (iyaqhubeka)

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Ukwenza

- Abafundi, ngababini okanye ngamaqela bagqibezela ukwakha izindlu zabo zokudlala.

Ukunikezela

- Abafundi, ngababini okanye ngamaqela banikezela ngezindlu zabo zokudlala eklasini.
- Bacacisa ukuyila kunye nokwakha.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-120
Amanqaku: 5

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN *Iihagwana ezintathu*

NF iph. 14

15 imiz.

Balisa ibali
- Sebenzisa imifanekiso ekwiphepha leNF ukubalisela iklasi ibali elithi *Iihagwana ezintathu*.

Landelelanisa imifanekiso
- Abafundi bagqibezela iphepha leNF.

Balisa ibali kwakhona
- Abafundi babalisa ibali ngababini, besebenzisa imifanekiso ekwiphepha leNF.

IZANDI *Isandi u-nd*

NF iph. 15

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2) *Izindlu ezintathu zokudlala*

NN iph. 7-10

15 imiz.

Funda
- Fundela iklasi ibali elithi *Izindlu ezintathu zokudlala*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: iplanga, isitena, ingca, iithayile, itoti
- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UKUBHALA NOTITSHALA

Izivakalisi zeendaba

15 imiz.

KNF iph. 38-41

Lungisa ibhodi
- Khuphela isakhelo ebhodini.

Xoxani ngeendaba
- Cacisa ukuba iindaba yinto eyenzeke kutshanje, abanye abantu abangayifumanisa inomdla.
- Namhlanje, masibhale ngomntu ebesikhe sadlala naye okanye indawo ebesikhe saya kuyo.

Bhala iingcebiso zabafundi ebhodini
- Buza imibuzo ekhawulezileyo
- Khetha iindaba zabafundi ababini ozakubhala ngazo njenge mizekelo.
- Abafundi banikezela ngeembono zabo ze bakuncedise ukubhala umyalezo.

Fundani amagama kunye

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NF iph. 16-19

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela E no-A

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala seQela E
- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A
- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa *Iihagwana ezintathu*

30 imiz.

Ukulungiselela
- Cela amavolontiya enze ulandelelwaniso lweziganeko *ngeeHagwana ezintathu*.
- Yahlula abafundi babe ngamaqela amane.
- Bakhethe abafundi abazokudlala indawo zeehagwana ezintathu kunye nengcuka.

Ukulinganisa
- Amaqela alungiselele ukulinganisa ibali.
- Iqela ngalinye lizaku nikezela eklasini ngomso.

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Ukucengceleza umbongo

15 imiz.

Indlu eyakhiwe nguJabu

Le yindlu eyakhiwe nguJabu,
Esi sisonka samasi
Esilele endlwini eyakhiwe nguJabu.
Le yimpuku etye isonka samasi
Esilele endlwini eyakhiwe nguJabu.
Le yikati ebambe impuku etye
isonka samasi esilele endlwini
eyakhiwe nguJabu.
Le yinja eleqe ikati ebambe impuku
etye isonka samasi
Esilele endlwini eyakhiwe nguJabu.

IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

incindi
inqindi
incanda
nqanda
funda
ncuma

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3) *Izindlu ezintathu zokudlala*

NN iph. 7-10

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Izindlu ezintathu zokudlala*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: iplanga, isitena, ingca, iithayile, itoti

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.

Izindlu ezintathu zokudlala
Isitovu sethu esitsha siphume sikule bhokisi inkulu. Siyenze yayindlu yokudlala.
7

UKUBHALA WEDWA — Bhala iindaba zakho

15 imiz.

Funda kwakhona izivakalisi abezibhalwe notitshala izolo

Abafundi mababhale ezabo izivakalisi kwiNF

- Abafundi mabacinge ngeendaba abafuna ukwabelana ngazo.
- Abafundi mabazobe umfanekiso weendaba zabo.
- Abafundi mababhale izivakalisi ezintathu ngento abayenzileyo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 16-19

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela B noC

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA BEQONGA — Ukunikezela ukulinganisa

30 imiz.

Ukunikezela

- Amaqela anikezela ukulinganisa kweeHagu ezintathu ezincinci.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA — Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI — Ubizelo

15 imiz.

KNF iph. 10

- Biza igama ngalinye ngokucotha. Liphinde kanye.
- Abafundi babhala amagama kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Emva koko, babhalele amagama ebhodini ukuze bajonge baze balungise.

iplanga
isitena
ingca
iithayile
itoti

UKUBHALA WEDWA — Bonisa okubhalileyo

15 imiz.

- Abafundi babelana ngombhalo wabo.
- Abafundi batshintshiselana ngokufunda iindaba zabo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 16-19

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela D no-E

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Phinda uqwalasele iveki
- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Utyelelo kumyezo wezilwanyana

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

umyezo wezilwanyana | utyelelo | inkawu | ingonyama | ingwenya

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- izixhobo zokwenza intlama yokudlala: umgubo wokuxova, ityiwa, amafutha, into yokutshintsha umbala wokutya, amanzi/intlama eseyenziwe yokudlala
- iikhrayoni/iikhoki, iipensile
- iibhokisi zamakhadibhodi (ezicinezeliweyo), ishithi lamakhadi
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yezemiThambo ekhethiweyo
- imifanekiso yezilwanyana ezisengozini.

Utyelelo kumyezo wezilwanyana

Ndikwibanga lokuqala. Ngenye imini utitshala wethu waxelela iklasi yethu ukuba siza kutyelela kumyezo wezilwanyana. Wabuza utitshala wethu, 'Zeziphi ezona zilwanyana ninqwenela ukuzibona?'

Sisonke sasifuna ukubona izilwanyana ezahlukileyo.

'Ndifuna ukubona ezona zilwanyana **zinoburhalarhume** kwaye zinobungozi kumyezo wezilwanyana,' watsho uThabo. 'Ndifuna ukubona esona silwanyana sikhulu sihlala emhlabeni,' watsho uVera.

Sonke sasifuna ukubona esona silwanyana sikhawulezayo, esikrelekrele nesona sihle. 'Niza kufumana ithuba lokubona izilwanyana ezahlukileyo. Niza kubona izinto ezikwazi ukuzenza. Ndifuna nibuye nindibalisele konke enikubonileyo ngezi zilwanyana,' watsho utitshala wethu. 'Niza kubona ukuba zonke izilwanyana zikhethekile, kwaye zonke zikrelekrele ziyakwazi nokwenza izinto ezahlukileyo.'

Izilwanyana zokuqala esazibonayo xa sifika kumyezo wezilwanya ziinkawu. Sabona oomama beenkawu bebeleke abantwana babo emqolo. Abanye oomama babefundisa abantwana babo ukugwencela. Ezinye izilwanyana zazidlala ukuleqaleqana. Zonke iinkawu zazisangana kwaye zizicoce. Sacinga ukuba iinkawu zikrelekrele!

Emva koko, saya kubona izilwanyana zase-Afrika. Zazikwenye indawo enkulu yomyezo eyayilithafa eliphangaleleyo. Sabona esona silwanyana sikhulu emhlabeni! Yayiyindlovu enkulu.Yaphakamisa **umboko** wayo omde yaze yawusebenzisa ukutsala ingca. Kwakulula ukubona amaqwarhashe ngenxa yemigca yawo emhlophe namnyama. Sabona indlulamthi ende isolula intamo yayo isitya amagqabi emthini. Sabona ibhadi ngeempondo zalo ezinde nemigca emdaka laze laxhumela phezulu emoyeni.

Kwelinye icala lomyezo, sabona izilwanyana ezinoburhalarhume. Iingonyama yayizezona zilwanyana zinkulu kwaye zinoburhalarhume, ngoba zagquma zijonge kuthi. Sawathanda amabalabala **engwenkala** kunye nawehlosi**.**

Emva koko sajonga izilwanyana ezihlala kufuphi nedama. Imvubu yavula umlomo wayo omkhulu kakhulu, saze sabona amazinyo ayo abukhali. Ingwenya yayizimele echibini. Yayifana nqwa nokhuni olukhulu, kodwa sabona umsila wayo ushukuma saze sayazi ukuba yingwenya.

Ekugqibeleni, saya kubona iintaka. Eyona ntaka yayintle kakhulu yayiyipikoko. Intamo nentloko yayo yayingumbala ozuba oqaqambileyo, yayikwanawo namabalabala agolide nazuba kanye phezu komsila wayo oneentsiba eziluhlaza.

Ngosuku olulandelayo elowo kuthi wafumana ithuba lokuxelela iklasi ngesilwanyana esithe sasibona kumyezo wezilwanyana! Sachaza eklasini ukuba isilwanyana ngasinye sasikhangeleka njani, sasisenza ntoni nokuba kutheni isesona usithandayo.

ISIGAMA

zinoburhalarhume – zinomsindo, zikhohlakele kwaye zinobundlobongela

umboko – yimpumlo ende yendlovu eyisebenzisela ukuphakamisa izinto izifake emlonyeni

engwenkala – eyona kati yehlathi yakhe yankulu enawona mendu nesatya sokubaleka sikhawulezayo

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA *Iindaba*

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO *Utyelelo kumyezo wezilwanyana*

NT iph. 27

15 imiz.

Phambi kokufunda
- Yazisa ibali: *Utyelelo kumyezo wezilwanyana*.
- Wakhe waya *kumyezo* wezilwanyana?
- Zizilwanyana ezinjani ozibona xa uye *kumyezo* wezilwanyana?

Funda ibali ngokuvakalayo
- Chaza isigama esitsha.

Emva kokufunda
- Sesiphi esona silwanyana side/sikhulu kakhulu/soyikisayo abafundi abasibonayo?
- Ngubani owakhe waya *kumyezo* wezilwanyana?
- Zizilwanyana ezinjani ozibona *kumyezo* wezilwanyana?

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN *Imephu yomyezo wezilwanyana*

NN iph. 11

30 imiz.

Ulwazi lwangaphambili
- Khumbuza abafundi ngeemephu zekota yoku-1 (uVusi uya kuloSipho) neKota yesi-3 (Iindawo ezisekuhlaleni)
- Yintoni imephu? (umzobo obonisa apho izinto zikhoyo, iimephu zihlala zincinci kunendawo ezizibonisayo)
- Sizisebenzisela ntoni? (ukufumana indlela, kwaye nokwazi ukuba izinto zikude kangakanani kwezinye)

- Zeziphi iintlobo ezahlukileyo zeemephu ozaziyo? (umzekelo, iiglowubhu yehlabathi; *uGoogle maps* kwiifowuni zethu; *uGoogle Womhlaba wenziwe ngeemifanekiso ethathelwe phezulu kakhulu).*

Fundani kunye nize nixoxe
- Buza imibuzo ekwiNcwadi eNkulu.

IZANDI *Isandi u-ng*

NF iph. 21

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi



UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 26-29

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zomsebenzi

- Cela abafundi abazithembileyo babonise abanye.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza isilwanyana esigcinwa kumyezo wezilwanyana

30 imiz.

Ukulungiselela

- Yenza intlama yokudlala.
- Izixhobo:
  - ikomityi ezi-2 zomgubo wokuxova
  - ikomityi ibe-1 yetyiwa
  - icephe eli-1 amafutha
  - amathontsi ama-2 ento yokujika umbala wokutya
  - ikomityi ibe-1 yamanzi
- Indlela yokwenza:
  - Dibanisa umgubo wokuxova kunye netyiwa esityeni.
  - Galela amanzi, amafutha, kunye nombala wokutshintsha ukutya.
  - Xova ide iyeke ukuncamathela.

Yenza izilwanyana ezikumyezo wezilwanyana

- Abafundi benze izilwanyana ezikumyezo wezilwanyana ngentlama yokudlala.

Enye indlela

- Abafundi bazobe baze basike izilwanyana.

Gcina izilwanyana uzisebenzise ngomso

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

30 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LOKU-1

Uhambo

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Cacisa umsebenzi
- Cinga ngohambo owakhe waluthatha (ukundwendwela isizalwane/ezivenkileni/ kwidolophu ekufuphi/kuhambo lecawe, njl.).
- Bizela abafundi etafileni yakho, abemnye umfundi ngexesha bakuxelele ngohambo lwabo.

Iimibuzo ekhawulezileyo
- Wayaphi?
- Wawuye nabani?
- Wafika kanjani khona?
- Wabona ntoni?
- Wenza ntoni?

Irubrikhi yokukorekisha
- UHlolo lomfundi ngamnye lungenziwa kwiintsuku ezilandelayo/iiveki nanini na xa iklasi isenza omnye umsebenzi, umzekelo, abafundi babhala kwiiNF zabo.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-113
Amanqaku: 5

NF iph. 22

15 imiz.

Nika imiyalelo
- Ngoku nisaxakeke luhlolo, abanye abafundi mabenze umsebenzi okwiNF.
- Abafundi mabasebenze ngababini.
- Umfundi A ukhetha isilwanyana.
- Umfundi B uchaza ngamagama indlela esosilwanyana esingena ngayo siphume kakuhle.
- Umfundi A umamela aze acinezele ngomnwe indlela ukubona ukuba imiyalelo ichanekile.
- Batshintshiselane ngendima.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Izilwanyana eziyingozi

15 imiz.

Thetha ngezilwanyana eziyingozi
- Izilwanyana eziyingozi zisemngciphekweni wokuphela.
- Ukuphela kuthetha ukuba asisekho eso silwanyana ehlabathini.
- Izilwanyana eziyingozi kumele zikhuselwe.
- Abantu bangazikhusela kanjani izilwanyana?

Xelela abafundi ngeepangolini
- Umzekelo wesilwanyana esiyingozi ziipangolini.
- Iipangolini zezona zilwanyana ezanyisayo kwaye zinamaxolo.
- Kufuneka sizikhusele kubazingeli okanye kungekudala akuzokubakho ezishiyekayo ehlabathini.

Umsebenzi owenza ekhayeni: Abafundi baphande banzi
- Ingaba umzi ogcina izilwanyana uyazikhusela izilwanyana eziyingozi?
- Abafundi bazakunikezela eklasini ngoLwesihlanu ngabakufumeneyo.

IZANDI

Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

i	ng	nk
u	o	u
a	w	b
l	z	i

Lungiselela
- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala
ingalo, ingubo, ingozi, inkabi, i-inki, inkawu
- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Utyelelo kumyezo wezilwanyana

NN iph. 12-15

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Utyelelo kumyezo wezilwanyana*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: umyezo wezilwanyana, ukundwendwela, inkawu, ingonyama, ingwenya

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

Utyelelo kumyezo wezilwanyana

Xa sasiye kumyezo wezilwanyana, saqala sabona iinkawu.

Iinkawu zazikhwela emithini zijinge emasebeni. Bona oomama benkawu babebeleke iintsana zabo.

12

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 26-29

30 imiz.

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.

- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yila uze wenze imephu yomyezo wezilwanyana

30 imiz.

Ukulungiselela

- Banike khadibhodi/ikhadi, iipensile neekhrayoni/iikhoki
- Abafundi mabasebenze ngamaqela.
- Abafundi mababonise amaqela abo izilwanyana zabo ezenziwe ngentlama yokudlala.
- Amaqela makaxoxe ngeendawo zokuhlala kunye nokubiyelwa izilwanyana zabo ezizakudinga.

Zoba imephu

- Amaqela makazobe indawo yokungena, indlela, indawo ezibiyelweyo ezine kunye nezinye izinto (ivenkile, indawo yepikinikhi).

- Abafundi badlale ngezilwanyana zabo emephini.
- Khuthaza ukutolika nokucacisa kumfundi ngamnye kwaye bacinge ngobuchule.

Abafundi bazakunikezela ngemephu zabo kwezobuGcisa beQonga

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Umfanekiso weemephu

NF iph. 23

15 imiz.

Ukuhlaziya iingcinga zeemephu

- Chaza ukuba ngumbono obonelwa phezulu.
- Chaza umahluko phakathi kokuzoba imephu nento eyinyani okanye umfanekiso wento
- Abafundi bajonge phezulu izinto eziqhelekileyo (ibhegi yepensile, ipensile, into yokucima njl.).

Yenza umsebenzi



IZANDI

Isandi u-nk

NF iph. 24

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

Utyelelo kumyezo wezilwanyana

NN iph. 12-15

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Utyelelo kumyezo wezilwanyana*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: umyezo wezilwanyana, ukundwendwela, inkawu, ingonyama, ingwenya

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UKUBHALA NOTITSHALA

Ulandelelwaniso lweziganeko

15 imiz.

KNF iph. 38-41

Ukulungiselela

- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.
- Siza kubhala izinto ezibonwe ngabafundi abasebalini kumyezo wezilwanyana (okanye nakoluphi na utyelelo obelukho). Sizakutsho okwenzekileyo ngokulandelelana.

Bhala iingcebiso zabafundi ebhodini

- Nceda abafundi benze ulandelelwaniso lweziganeko lebali ngokubuza imibuzo usebenzisa amagama nexesha. Umzekelo Babone ntoni kuqala? Okwesibini? Emva koko? Zeziphi izilwanyana abazibone ecaleni kwechibi? Bazibone nini iintaka?
- Bonisa indlela yokusebenzisa isakhelo sokubhala neempendulo zabafundi ukubhala ibali.

Fundani isivakalisi kunye

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 26-29

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela E no-A

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA

Ukunikezela

30 imiz.

Ukulungiselela

- Amaqela enza isicwangciso baze balungiselele ukunikezela iimephu zabo zomyezo wezilwanyana.

Nikezela

- Abafundi banikezela ngeemephu zomyezo wezilwanyana kwaye bacacise uyilo lwabo, ukhetho kunye nokucinga.

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz.

Inye Zimbini Umyezo wezilwanyana

Inye, inye! Umyezo wezilwanyana uyonwabisa.
Zimbini, zimbini! Uyayibona ikhangaru.
Zintathu, zintathu! Uyayibona itshimpanzi.
Zine, zine! Uyaziva iingonyama zigquma.
Zintlanu, zintlanu! Jonga ukuntywila kwenja yaselwandle

Zintandathu, zintandathu! Uyawabona amaqhinga emfene.
Zisixhenxe, zisixhenxe! Lizula eli.
Zisibhozo, zisibhozo! Andikwazi ukulinda.
Zilithoba, zilithoba! Lelona xesha limnandi.
Zilishumi, zilishumi! Yiza kwakhona.

IZANDI — Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

ingalo
ingubo
ingozi
inkabi
i-inki
inkawu

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3) — *Utyelelo kumyezo wezilwanyana*

NN iph. 12-15

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Utyelelo kumyezo wezilwanyana*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: umyezo wezilwanyana, ukundwendwela, inkawu, ingonyama, ingwenya

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.

Utyelelo kumyezo wezilwanyana

Xa sasiye kumyezo wezilwanyana, saqala sabona iinkawu.

Iinkawu zazikhwela emithini zijinge emasebeni. Bona oomama benkawu babebeleke iintsana zabo.

12

UKUBHALA WEDWA

Utyelelo kumyezo wezilwanyana

15 imiz.

KNF iph. 38-41

Fundani kwakhona izivakalisi benizibhale notitshala ngezolo

Bhala isivakalisi kwiNF

- Abafundi mabazobe umfanekiso baze bagqibezele izivakalisi.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 26-29

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela B noC

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA BEQONGA

Ukunikezela kuyaqhubekeka – lintshukumo nomculo

30 imiz.

Qhubekeka nokunikezela ngeemephu zomyezo wezilwanyana ukuba kunyazelekile

Yenza intshukumo ezingashukumisi mzimba nokushukumela umculo

- Ukuba ukunikezela kuphelile, dlala umculo okanye nicule ingoma kunye.
- Abafundi bashukumele umculo (ukujija, ukujingisa iingalo, ukugobela ecaleni, ukujikeleza, njl.)

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA — Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI — Ukukhangela igama

NF iph. 25

15 imiz.



- Fundani amagama kunye.
- Abafundi mababiyele okanye baphawule amagama kwiphela lamagama.
- Khangelani amagama kunye.

UKUBHALA WEDWA — Ukwabelana ngombhalo wakho

15 imiz.

Yabelana ngokubhala

- Abafundi bajonga indlela ababhala ngayo ukuqinisekisa ukuba babhala ngokuchanekileyo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 26-29

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela D no-E

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.



Ukuhamba-hamba kukaRubhi

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

qashi-qashi | eyona inde | eyona inkulu | ende kakhulu | inamabala-bala

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki, iipensile
- amaphepha we A4
- ibhegi/ingxowa yoonobumba bale veki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yezemiThambo ekhethiweyo

Ndisesiphi isilwanyana?

Ndisesona silwanyana sihlala emhlabeni.
Ndinomboko wokuchola izinto
Nditya amagqabi nengca
Ndinonombala ongwevu
Ndiyintoni?

Ndihlala emilanjeni nasemachibini.
Ndiyakuthanda ukuqubha.
Ndiya emhlabeni xa ndifuna ukutya iziqhamo, ingca namagqabi.
Ndimkhulu kwaye ndiyasinda.
Ndimdaka ndingwevu ngombala.
Ndiyintoni?



Ndiyinkosi yazo zonke izilwanyana.
Ndomelele kwaye ndigquma kakhulu.
Ndizingela ezinye izilwanyana ndizitye.
Ndineenzipho ezinde namazinyo abukhali.
Ibala lam libumdakarha bumthubi.
Qashi-qashi ndiyintoni?



Ndisesona silwanyana side kuzo zonke.
Ndinentamo ende kakhulu.
Nditya amagqabi, amasetyana kunye neziqhamo ezisemthini.
Idyasi yam imhlophe ineephatheni zemibala emdaka.
Ndiyintoni?



Isikhukukazi uRubhi

URubhi wayesisikhukukazi esasihlala ezifama. Wayehlala kwihoko ekhuselekileyo yezikhukukazi kodwa wayekuthanda ukuhamba-hamba eyadini yefama ntsuku zonke.

Ngenye imini uRubhi washiya ihoko yezikhukukazi, uMnumzana Dyakalashe wambona. Wagqiba kwelokuba uza kumbamba amtye njengesidlo sakhe sasebusuku. URubhi wayengazi ukuba ujongiwe nguMnu Dyakalashe. Waphuma ngesango lehoko yezikhukukazi waya edamini. Kwakukho intlanzi edamini, neengcongolo ezinde kufuphi.

Wahamba ngasedamini, ejonge intlanzi. UDyakalashe yena wayejonge uRubhi kodwa ezimele kwiingcongolo. Wathi xa esachwechwela ngakuRubhi, watyibilika waze wawela edamini! Owu hayi! Wagwencela waphuma, emanzi tixi.

Kusenjalo uRubhi waya kwigoqo leenkuni ezazigawulwe ngumfama, zilungele ubusika. Wahamba kancinci enyuka elo goqo leenkuni. Wayefuna ukujonga umbona owawukhula entsimini. UDyakalashe wamlandela waya kwigoqo leenkuni. Wabaleka wanyuka kwigoqo leenkuni efuna ukubamba uRubhi, kodwa ke torho, iinkuni zasuka zaqengqeleka. UMnu Dyakalashe wagxadazelela ngasemva waze wawa ngomhlana.

Emva koko, uRubhi wahamba ecaleni kwendlu yeenyosi ebekwe ngumfama. Iinyosi zazisenzela umfama ubusi obuswiti. URubhi wahamba ngaphantsi kwendlu yeenyosi. UDyakalashe wagqiba kwelokuba afihle intloko. Kodwa ke torho, zange ajonge kakuhle wangquba indlu yeenyosi ngentloko yakhe. Yashukuma indlu yeenyosi, iinyosi zacinga ukuba uMnu Dyakalashe uyazihlasela zaze zaya kuye zaqalisa ukumhlaba umzimba lo wonke!

Ngelo xesha uRubhi wabuyela endlini yezikhukukazi lavaleka isango. Wayekhuselekile. Yena uDyakalashe akasokuze abuyele kumasango omfama kwakhona.

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO *Ndisesiphi isilwanyana?*

NT iph. 39

15 imiz.

NF iph. 53

Phambi kokufunda

- Endaweni yokufunda ibali, uzakubuza ngoo qashi-qashi.
- Chaza: Uqashi qashi yimibuzo ezikrobisayo iimpendulo kwaye uneempendulo ezinzima okanye ezihlekisayo.

Funda ibali ngokuvakalayo

- Cacisa isigama esitsha.
- Abafundi baqashele impendulo.

Emva kokufunda

- Zeziphi ezinye izilwanyana ezinobundlobongela owakhe wazibona?
- Wawuzibonaphi?
- Zazikhangeleka njani?

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN *Ndisesiphi isilwanyana?*

NN iph. 16

30 imiz.



Ulwazi lwangaphambili

- Xoxani: Siyayazi ukuba izinto zibonakala ngendlela eyahlukileyo xa zikude.
- Izinto zibonakala ngendlela eyahlukileyo xa zikufuphi.
- Kweli phepha imifanekiso isondelelene yahlukile kwindlela oqhele ukuyibona ngayo.

Jonga imifanekiso uze uxoxe

- Sesiphi isilwanyana umfanekiso waso osibonela kufuphi?

IZANDI Isandi u-nt

NF iph. 30

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 34-37

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zomsebenzi

- Cela abafundi abazithembileyo babonise abanye.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UBUGCISA BEQONGA UHLOLO LOKU-1

Ukulinganisa ooqashi-qashi

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Yazisa

- Sebenzani ngababini.
- Lungiselela ukulinganisa uqashi-qashi ngokulinganisa intshukumo neengxolo zesilwanyana. Umzekelo:
  - Ndishukuma kanje ...
  - Ndivakala kanje ...
  - Nditya kanje ...

Ndimkhulu kangaka. Ukulungiselela uze wenze

- Ngababini, abafundi balungisa baze benze uqashi-qashi wabo.
- Iklasi kufuneka iqashele uqashi-qashi.

Gqibezela uhlolo ngomso

- Ungasebenzisa ixesha lezemiThambo ukugqibezela uhlolo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-121
Amanqaku: 5

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Ooqashi-qashi

15 imiz.

Abafundi basebenza ngamaqela

- Umfundi ngamnye makacinge ngesilwanyana sasendle kodwa bangatsho ukuba sesiphi.
- Mabanike iqabane labo imikhondo emithathu ngesilwanyana eso (nguqashi-qashi lona). Umzekelo:
  - Singakanani.
  - Sitya ntoni.
  - Sihlalaphi.
  - Sivakala kanjani.
  - Yintoni ekhethekileyo ngaso.

Iqabane liqikelele impendulo.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN *Ukuhamba-hamba kukaRubhi*

NF iph. 31

15 imiz.



Funda ibali

- Funda ibali *Isikhukukazi uRub*hi kwiNT kwiphepha 39 babe abafundi bejonge imifanekiso kwiNF.

Fanisa iileyibheli nemifanekiso

- Abafundi bafunde imibhalo engaphantsi kwemifanekiso.
- Babhale inombolo yomfanekiso ofanayo ecaleni kombhalo.

IZANDI Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

i	nt	ny
k	a	b
w	ng	o
u	o	a

Lungiselela

- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala
intaba, intaka, intonga, unyawo, inyoka, unyaka

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Izilwanyana zasendle*

NN iph. 17-19

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Izilwanyana zasendle*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: qashi-qashi, eyona inde, eyona inkulu, ende kakhulu, inamabala-bala

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 34-37

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA Amaqela C noD

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

UBUGCISA OBUBONWAYO UHLOLO LOKU-1 Linganisa ooqashi-qashi (bayaqhubekeka)

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Qhubeka nohlolo lwangoMvulo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-121
Amanqaku: 5

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Imephu yokuhamba-hamba kukaRubhi

NF iph. 32

15 imiz.

Funda nize nixoxe ngemephu

Zoba indlela kaRubhi

- Phinda ufunde ibali *Isikhukukazi uRubhi*.
- Abafundi bazobe apho aye khona uRubhi.

IZANDI

Isandi u-ny

NF iph. 33

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

Izilwanyana zasendle

NN iph. 17-19

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Izilwanyana zasendle*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: qashi-qashi, eyona inde, eyona inkulu, ende kakhulu, inamabala-bala

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UKUBHALA NOTITSHALA — Ooqashi-qashi

15 min

KNF iph. 38-41

Lungisa ibhodi
- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.

Chaza indlela yokubhala uqashi-qashi
- Khetha isilwanyana ukwenza uqashi-qashi.
- Ungabhali igama lesilwanyana ngoba yimpendulo leyo.
- Bhala imikhondo emii-3–4 emifutshane ngesilwanyana. Umzekelo:
  - Sikhulu kangakanani?
  - Yintoni le sinayo ikhethekileyo?
  - Unjani umbala waso?
  - Sitya ntoni?
  - Sihlalaphi?
- Buza umbuzo ekugqibeleni: Ndiyintoni?

Bhala iingcebiso zabafundi
- Bhala umzekelo kaqashi-qashi, umzekelo, indlovu.
- Ngokukhawuleza nika abafundi iingcebiso.
  - Ingaba iindlovu zinkulu okanye zincinci? (*Ndisisilwanyana esikhulu.*)
  - Iindlovu zisebenzisa ntoni ukuchola izinto? (*Ndinomboko.*)
  - Unjani umbala weendlovu? (*Ndingwevu.*)
  - Zitya ntoni iindlovu? (*Nditya ingca, amagqabi namasebe.*)
  - Ngumbuzo onjani esiwubhala ekugqibeleni kukaqashi-qashi? (*Ndiyintoni?*)

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 34-37

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela E no-A

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala seQela E
- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A
- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA — Yenza incwadi ebukhodiyani

30 imiz.

Ukulungiselela
- Gqithisa ngekhadibhodi/iphepha, iipensile kunye neekhrayoni/iikhokhi.
- Bonisa iklasi indlela yokusonga iphepha ibengamaphepha azizithandathu, ngendlela yekhodiyani.
- Phinda ubalise ibali elithi *Isikhukhukazi uRubhi.*

Zoba uhambo lukaRubhi
- Abafundi bazobe inqanaba ngalinye baze babhale umbhalo ngezantsi.

Enye indlela
- Yenzela umfundi ngamnye ikopi yegridi enje ngale ukwenzela ukuzoba imifanekiso baze babhale ibali.

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Thetha ngombongo oneentshukumo

15 imiz.

Ukuba uyiyo kwaye uyayazi

Ukuba uyindlovu kwaye uyayazi,
Kwaye ufuna ukuyilinganisa,
Ngqisha apha naphaya, Ngqisha apha naphaya,
Ngqisha! Ngqisha! Ngqisha.

Ukuba uyingonyama kwaye uyayazi,
Kwaye ufuna ukuyilinganisa,
Gquma apha naphaya, Gquma apha naphaya,
Gquma! Gquma! Gquma!

Ukuba uyindlulamthi kwaye uyayazi,
Kwaye ufuna ukuyilinganisa,
Fikelela phezulu! Fikelela phezulu!
Phezulu! Phezulu! Phezulu!

Ukuba uyingwenya kwaye uyayazi,
Kwaye ufuna ukuyilinganisa,
Dibanis' ingalo zakho, dibanis' ingalo zakho,
Xhakamfu! Xhakamfu! Xhakamfu!

IZANDI

Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

intaba
intaka
intonga
unyawo
inyoka
unyaka

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Izilwanyana zasendle

NN iph. 17-19

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Izilwanyana zasendle*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: qashi-qashi, eyona inde, eyona inkulu, ende kakhulu, inamabala-bala

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.

Izilwanyana zasendle

Ndiyinkawu. Nditya phantse yonke into – iintaka, amaqanda, amasele, iziqhamo, kunye nezinambuzane. Ndizigcina ndikhuselekile ngokukhwela emithini.

UKUBHALA WEDWA — Bhala uqashi-qashi

15 min

KNF iph. 38-41

Ukuhlaziya ooqashi-qashi

Ukuphinda ufunde izivakalisi zayizolo ebezenziwe ngexesha lokubhala notitshala

- Phinda ufunde uqashi-qashi iklasi ibimbhale izolo.

Abafundi mababhale ooqashi-qashi

- Abafundi mabazobe isilwanyana abasithandayo.
- Abafundi mababhale uqashi-qashi wabo ngesilwanyana.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 34-37

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela B noC

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA BEQONGA — Incwadi ebukhodiyani (iyaqhubeka)

30 imiz.

Gqibezela iincwadi

- Abafundi mabagqibezele iincwadi zekhodiyani.

Yabelana

- Abafundi bafunda amabali, omnye ufunda elomnye.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.



LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI Ubizelo

15 imiz.

KNF iph. 10

- Biza igama ngalinye ngokucotha. Liphinde kanye.
- Abafundi babhala amagama kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Emva koko, babhalele amagama ebhodini ukuze bajonge baze balungise.

ivenkile
inkulu
inkomo
inyibiba
inyosi

UKUBHALA WEDWA Bonisa okubhalileyo

15 imiz.

Sebenza ngababini

- Fundela iqabane lakho uqashi-qashi ubumbhale izolo. Mabaqikelele impendulo.
- Khuthaza abafundi basebenze nomntu abangaqhelanga ukusebenza naye.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 34-37

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA Amaqela D no-E

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

Izilwanyana ziyawadinga amanzi

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

ichibi ukusela ukuzipholisa ukuphefumla ukutsalwa

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- izixhobo zebhotile yamanzi: ikhoba lebhotile ye2L, amatye, isanti erhabaxa, amalahle, isanti ecoliweyo, amanzi, ilaphu elicocekileyo
- iikhrayoni/iikhoki nepensile
- amaphepha amakhulu (A4 okanye amakhulu kakhulu, amhlophe okanye anemibala-bala)
- iibrashi zokupeyinta, ipeyinti, iijagi zamanzi
- iimagazini ezindala/amaphepha anombala
- izikere, iglu
- izinto ezincinci zendalo (umz. amagqabi, amasebe, amandongomane/iimbewu, amatye, njl.)
- izixhobo zokubala zoMdlalo woMbungu
- iingxowa/iibhokisi zoonobumba bale veki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yezemiThambo ekhethiweyo

Echibini



Kukho indawo edlelweni ebizwa ngokuba **lichibi**. Lidami elinzulu, elizele ngamanzi apholileyo. Uya kubona izilwanyana ezininzi apho mihla le. **Ukhwalimanzi**, intaka enkulu yamanzi, inendlu yayo emithini kufuphi nechibi. Uhamba emanzini ukuze abambe amasele kunye neentlanzi. Iintlanzi ezininzi ziphila kwaye ziphefumla emanzini. Iindlovu ziza kusela amanzi qho ngokuhlwa. Ziye zihlambe emanzini kwaye zizitshize ngamanzi emqolo. Kodwa kukho esinye isilwanyana esoyikekayo esihlala kufuphi namanzi, esisoloko silungele ukunqakula ukutya okumnandi. Yingwenya!

Ngenye imini kwakushushu ngolona hlobo, ilanga lalitshona kwaye izilwanyana zonke zazifuna ukusela. Into ezazingayazi kukuba ingwenya yayilambile ngaloo mini. Yayilele ithe nca ngokungathi lukhuni, ilinde ukunqakula into yokutya.

Izilwanyana zokuqala ezaya kusela echibini yayingamaqwarhashe amahlanu anemigca. Aza echibini egqabadula oku kwamahashe. Ingwenya yawabona kodwa yacinga ukuba iza kulindela into encinci.

Emva koko kweza iindlulamthi ezine ezinde zize kusela. Zaza zihamba ngokucotha zinyalasa ngobunono. Zagoba iintamo zazo ezinde zasela. Ingwenya yazibona kodwa yacinga ukuba iza kulinda into emfutshane.

Emva koko, kweza iinyathi ezincinci ezintathu ezomeleleyo. Zazigquma kwaye ziqwalasele emhlabeni zikhangela eyona ndawo ilungileyo. Ingwenya yazibona yacinga ukuba iza kulinda into ebuthathaka.

Emva kweenyathi, iinxagu ezimbini **ezomeleleyo** zeza echibini. Zazincinci kodwa zinamabamba abukhali. Ingwenya yazibona kodwa yacinga ukuba iza kulinda into enciphileyo.

Ekugqibeleni, inkunzi yempala yehla isiya echibini. Yayihamba yodwa. Yayihamba ineentloni ngeezonyawo zayo zincinci zimnyama. Yathoba loo ntloko yayo encinci yaqalisa ukusela. Ayizange iyibone ingwenya ibaleka isiya kuyo.

Kodwa ukhona owayibonayo!

Ukhwalimanzi wayesomisa iimpiko zakhe elangeni elalisele litshona, wathi xa ejonga wabona ingwenya iqubha ngokukhawuleza isiya ngakwimpala. Wabhabhela phezulu emoyeni, watsho ngengxolo enkulu, kwa kwa kwa! Impala ithe yakuva ukhwalimanzi ekhala yaphakamisa intloko. Yabona ingwenya ivule umlomo, imiqolo yamazinyo ayo abukhali ekhazimla. Kwangoko, impala yaxhumela ngemva yaphuma emanzini yabaleka kanobom.

Ingwenya yadana. Yayisazi ukuba kwakuza kufuneka ilinde ixeshana ukuze ifumane isidlo sangokuhlwa ngobo busuku.

ISIGAMA

ichibi – ngamanzi alidama apho kusela khona izilwanyana zasendle

ukhwalimanzi – yintaka enkulu enemilenze emide, ehlala ngasemanzini ibambisa intlanzi ukuze itye

ezomeleleyo – kukumila ngokunamandla ubonisa ukuqina

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA *Iindaba*

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO *Echibini*

Phambi kokufunda

- Wakhe weva ngechibi?
- Ucinga kwenzeka ntoni echibini?

Funda ibali ngokuvakalayo

- Chaza isigama esitsha.

Emva kokufunda

- Ziwasebenzisela ntoni izilwanyana amanzi? (*ukusela, ukuzipholisa, ukuzingela ukutya, ukuphefumla, ukuhlamba/ukucoca*)

NT iph. 51

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN *Echibini*

Funda ibali

Xoxani ngemifanekiso

- Yintoni ichibi?
- Zeziphi izilwanyana ozibonayo?
- Ziwasebenzisa kanjani amanzi?

NN iph. 21

30 imiz.

NF iph. 39

IZANDI *Isandi u-nx*

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesi sandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NF iph. 40

15 imiz.

KNF iph. 8-13



UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 44-47

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izititshi zomsebenzi

Imisebenzi yeklasi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba intlanzi

30 imiz.



Yazisa

- Gqithisa iphepha, iipensile, iikhrayoni, iimagazini ezindala/ iphepha elinombala, izikere, iglu
- Bonisa indlela yokuzoba intlanzi elula enezikali enamaxolo amakhulu.

Yila

- Abafundi mabafake umbala kumaxolo besebenzisa iikhrayoni okanye ikholaji.
- Hamba hamba uze uthethe nabo.

Okanye

- Abafundi basika kumaphepha emagazini ezindala ukuze benze amaxolo bawancamathelise kumzobo wentlanzi.

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuhlelwa kwezilwanyana

15 imiz.

Ukulungiselela

- Khuphela umzobo ebhodini.

Ukuhlelwa kwezilwanyana

- Cela abafundi babize izilwanyana ezahlukileyo uze ubhale uluhlu lwazo (indlovu, ingwenya, intlanzi, imvubu, isele, indlulamthi, ibhadi, inyoka, intaka kwaye njl.).
- Abafundi bathathe isigqibo sokuba izilwanyana zihlala emhlabeni, emanzini okanye kuzo zombini.
- Abafundi bacacise isigqibo sabo.

isilwanyana	emhlabeni	emanzini	zombini

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN UHLOLO LOKU-1

Izilwanyana ziwasebenzisa njani amanzi?

NT iph. 131

15 min

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Ukufumana ulwazi

- Fundani izihloko kunye.
- Abafundi baphawula kwiikholamu ezifanelekileyo kwisilwanyana ngasinye.
- Ingaba abafundi bayakwazi ukuthelekisa nokuhlela ulwazi?

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-118
Amanqaku: 10


IGAMA _____ UMHLA _____

Indlela izilwanyana eziwasebenzisa ngayo amanzi

Phawula ukubonisa indlela isilwanyana ngasinye esisebenzisa ngayo amanzi.

	Sela	Hlamba	Pholisa	Phefumla	Fumana ukutya

ULWAZI OLUSISISEKO UHLOLO LOKU-1 Iveki yesi-5 - Lwesibini 131

IZANDI

Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Lungiselela

- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

inxele, nxiba, inxeba, amanzi, inzima, inzala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

i	nx	l
b	e	a
i	nz	a
	m	e

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe

NN iph. 22-25

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: ichibi, ukusela, ukuzipholisa, ukuphefumla, ukutsalwa

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 44-47

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela C noD

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukupeyinta ngamanzi anombala

30 imiz.

Bonisa

- Dlulisa iphepha, ibhrashi yokupeyinta, ipeyinti nejagi yamanzi.
- Bonisa ukudibanisa ipeyinti namanzi ukwenza imibala eyahlukileyo.
- Bonisa ukuhlamba iibhrashi usebenzisa imibala eyahlukileyo.

Abafundi bapeyinta into yendalo

- Babonise imizekelo yezinto ezincinci abafundi abanokuzikhuphela okanye iingcinga zabo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Amanzi alungele ukuselwa

NF iph. 41

15 imiz.



Yazisa

- Ingaba ichibi lamanzi likhuselekile ukuba abantu basele? Ngoba? (udaka, izilwanyana bezikhe zangena kuwo)
- Ngawaphi amanzi alungele ukuba siwasele (amanzi asuka empompinii, amanzi esebhotileni, amanzi abilisiweyo)
- Ukuba awunawo amanye amanzi okusela, ungawenza akhuseleke kanjani amanzi? (wabilise, uwahluze)

Ukulinga: Ukuhluza amanzi Izixhobo:

- Ikhoba lebhotile yesiselo (isikiwe), amanzi anodaka, ilaphu elicocekileyo, uboya bomqhaphu, ielastikhi, amalahle, amatye, isanti erhabaxa, isanti ecolekileyo.

Ukuba enye okanye ezininzi yezizihluzo inzima ukuyisebenzisa, sebenzisa ilaphu okanye uboya bekotini.

Indlela yokwenza:

- Chaza unobangela wokulinga ukufumanisa ukuba ungajika amanzi amdaka acoceke.
- Yeka abafundi balinge ijagi yamanzi anodaka.
- Beka izihluzo njengokuba kuboniswe kwiNF.
- Galela amanzi anodaka kwisihluzo.
- Jonga amanzi ahluziweyo ujonge ukuba acocekile.
- Buza: Kwenzeke ntoni kumatye namahlalutye kunye nomhlaba?
- Chaza ngaphambi kokuba usele, uzakubilisa amanzi ngemizuzu embalwa ukubulala iintsholongwane.
- Ungawahluza amanzi kabini okanye ulinge okwesibini ukuwenza acoceke.

Abafundi bagqibezela iphepha leNF

IZANDI

Isandi u-nz

NF iph. 42

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe

NN iph. 22-25

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: ichibi, ukusela, ukuzipholisa, ukuphefumla, ukutsalwa

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UKUBHALA NOTITSHALA

Ukuhamba-hamba kukatitshala

15 imiz.

KNF iph. 38-41

Ukulungiselela

- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.

Cacisa umsebenzi

- Abafundi mabenze izivakalisi ezichaza uhambo lukatitshala esikolweni.
- Sebenzisa isakhiwo *sohambo lukaRubhi*.

Bhala iingcebiso

- Buza imibuzo ngokukhawuleza: wayehamba phi utitshala?
- Gxila ekusebenziseni izalathandawo ezahlukileyo.

Fundani isivakalisi kunye

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 44-47

30 imiz

KNF iph. 24-27

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela E no-A

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini, abafundi bafunda bebolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UBUGCISA BEQONGA UHLOLO LOKU-1

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Khetha uze uziqhelanise ngengoma yemveli

- Abafundi basebenze ngamaqela.
- Yenza iintshukumo, umxhentso onesingqi okanye ingoma namagubu.
- Thatha isigqibo sokwazisa ingoma yakho, uchaze loluphi ulwimi kwaye ingantoni.

Ingoma/umxhentso wesiNtu

30 imiz.

- Ziqhelanise namhlanje uze unikezele ngomso.

Jonga indlela amaqela enze ngayo

- Basebenze kanjani ngamaqela?
- Ingaba benze ingoma ngokuzithemba nangolwimi oluchanekileyo?

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-120
Amanqaku: 5

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukucengceleza umbongo

15 imiz.

- Nxulumanisa umbongo nomxholo weveki.
- Fundisa umbongo kunye neentshukumo.
- Abafundi mabangenelele.

Ithontsi lamanzi

Amathontsi amancinci amanzi
Amakhozo amancinci esanti
Enza amalwandle amakhulu
Enza iinduli nomhlaba

Izenzo zobubele ezincinci
Amagama amancinci othando
Enza ihlabathi lethu libe yindawo elungileyo

IZANDI

Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

inxele
nxiba
inxeba
amanzi
inzima
inzala

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe

NN iph. 22-25

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: ichibi, ukusela, ukuzipholisa, ukuphefumla, ukutsalwa

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.

Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe

U-Esi wayenxaniwe. Waya echibini. Akazange azibone iingwenya, waqalisa ukusela.

22

UKUBHALA WEDWA — Sebenzisa izalathandawo

15 imiz.

KNF iph. 38-41



Thethani ngezindululi
- Bhala amagama ebhodini.

Bhala izivakalisi
- Abafundi bakhetha umntu abaza kubhala ngaye.
- izivakalisi ezintathu ngohambo lwaloo mntu, besebenzisa isakhelo sokubhala sayizolo.
- Umzekelo: U-Asanda wangena ngaphakathi endlwini. U-Asanda wahamba phezu kwemethi. U-Asanda wajikela emva kocango.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 44-47

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela B noC

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini
- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

UBUGCISA BEQONGA UHLOLO LWESI-2 — Ingoma/umxhentso wesiNtu (kuyaqhubekeka)

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Qwalasela indlela yokwenza yeqela
- Ingaba baqhube njani ngengamaqela
- Ingaba bayicule ngendlela eyiyo ingoma benza neentshukumo ezifaneleyo?

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-121
Amanqaku: 5

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI Umdlalo wombungu

NF iph. 43

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Dlalani ngababini

- Hambisa isibali ngokwenani elikwi dayisi.
- Funda igama ome kulo.
- Nika elinye igama eliqala ngesandi eso.
- Khangela ukuba iqabane lakho lenze kakuhle.



UKUBHALA Bonisa ngombhalo wakho

15 imiz.

Sebenza ngababini

- Abafundi babonisa izivakalisi zabo kwiqabane labo.
- Cela abafundi abambalwa ukuba bafunde.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 44-47

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA Amaqela D no-E

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Abantu bayawadinga amanzi

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

intambo yokuloba | nzulu | ukusokola | isikhuni | ukuhlangula

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki neepensile
- amaphepha amakhulu (A4 okanye elingaphezulu, elimhlophe okanye ayimibala-bala)
- ipeyinti yepowusta kunye neebhrashi/iikhrayoni zewax ezingqindilili, iipeni
- iingxowa okanye iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yezemiThambo ekhethiweyo.

Intlanzi enkulu



Kwakukho amakhwenkwe amabini awayethanda ukuloba. UDuma kunye nomhlobo wakhe **osenyongweni**, uJabu babebambisa iintlanzi ezincinci kwidama elikufutshane nakowabo, kodwa babefuna ukubamba intlanzi enkulu kakhulu. Abazange bangene nzulu edamini kwaye bahlala beloba emanzini angenzulwanga.

Udaka olusezantsi kwedama lwalumtyibilizi, kwaye wawungatshona lula ukuba ungangena kude kakhulu.

Ngenye intsasa yangoMgqibelo, bavuka kwakusasa bapakisha iminqwazi, amaqebengwane, iziselo, iintonga zokuloba kunye **nesithiyelo**. Babefuna ukubambisa intlanzi enkulu, utata awayeza kuyenzela isidlo sangokuhlwa ngobo busuku. Kwakukho iintlanzi ezincinci edamini kwaye babambisa ezimbalwa ukuba bazifake kwi-emele yabo. Emva koko, kwenzeka into eyonwabisa uDuma kakhulu. Waziva etsala nzima kwindawo yakhe yokuloba. Wayengazange eve kutsalwa nzima ngolu hlobo ngaphambili. Ngaba oku kunokuba yintlanzi enkulu ekugqibeleni?

Wayenemincili kakhulu uDuma. Wakhwaza uJabu, 'Ndiziva ngathi ndibambe eyona enkulu! Itsala ngamandla entanjeni yam!'

'Ziphose kuyo! Yilandele!' wakhwaza uJabu.

Emva koko, kwenzeka into! Intlanzi yatsiba emanzini yaze yabonwa nguDuma ukuba inkulu kangakanani na. Waziva esonwaba ngakumbi njengoko intlanzi yayitshiza amanzi. UDuma walibala konke malunga nokungangeni emanzini anzulu. Wavele nje walandela loo ntlanzi ngamandla akhe onke, njengoko yayisokola ukubaleka.

Ngequbuliso uDuma wayengene nzulu kakhulu. Amanzi ayephantse afikelele ezingalweni zakhe. UJabu wakubona okwenzekayo waqonda ukuba umhlobo wakhe wayesengozini.

'Yiyeke ihambe! Yiyeke ihambe! Usenzulwini kakhulu!' wakhwaza watsho uJabu.

'Yilahle yonke into ubuye ngoku!'

'Andikwazi! Ndiye ndatshona eludakeni! Ndincede! Ndincede!' wakhwaza uDuma.

UJabu wayengazi ukuba makathini. Ngaba kwakufuneka abaleke aye kufuna umntu oza kumnceda? Wayesenokungabuyi ngethuba. Kwakufuneka acinge icebo kwangoko ukuze ancede umhlobo wakhe. Kwakukho isiqobo somthi esikhulu esasidada ngasekupheleni kwedama. Wasityhala ukuze sidadele kufutshane noDuma, ukuze abambelele kuso.

Emva koko, uJabu wabaleka waya kwindlu ekufutshane wacela uncedo. Amadoda amabini abalekela edamini afika uDuma ebambelele kukhuni. **Bahlangula** uDuma, bancoma uJabu ngento ayenzileyo ukusindisa umhlobo wakhe.

La makhwenkwe mabini akazange awulibale umhla intlanzi yawo enkulu eyaphuncuka ngawo!

ISIGAMA

osenyongweni – umhlobo wakho omthanda kakhulu

nesithiyelo – ukutya okubeka kwihuku ukuze ubambe iintlanzi

bahlangula – basindisa engozini

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA *Iindaba*

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO *Intlanzi enkulu*

NT iph. 63
15 imiz.

Ngaphambi kokufunda
- Wakhe wadada edameni?

Ibali olifunda ngokuvakalayo
- Chaza isigama esitsha.

Emva kokufunda
- Ucinga ukuba amakhwenkwe afunde ntoni ngoku kwinto eyenzekileyo ngethuba eloba?
- Ucinga ukuba bayakuphinda bayokuloba kwakhona? Kutheni usitsho okanye kutheni ungatsho.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN *Ukusebenzisa amanzi emakhaya*

NN iph. 26
30 imiz.

NF iph. 48

Buza imibuzo yentshayelelo
- Yintoni umahluko kula makhaya mabini?
- Usapho ngalunye liwafumana phi amanzi?

Fundani kunye nize nixoxe
- Khumbula, amaphepha eNN ayafumaneka nakwiiNF, abafundi bangalandela ngelixa ufunda.
- Xoxani niyiklasi malunga namanzi esiwasebenzisa ekhaya.

IZANDI *Isandi u-nq*

NF iph. 49
15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egamani kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 52-55

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO UHLOLO LOKU-1 Yenza oonobumba

25 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.
Umsebenzi uthatha izifundo ezibini (ukulungiselela ngoMvulo kunye nokunikezela ngoLwesihlanu).

Sebenzisa imizimba ukwenza oonobumba

- Abafundi mabasebenze ngamaqela amancinci ama-4–5 ukwenza oonobumba bokuqala bamagama abo (ngoonobumba abakhulu).
- Iqela ngalinye likhetha oonobumba abathathu ukubonisa iklasi.
- Hlola ukomelela kwabafundi, izakhono zabo zokusebenzisa imizimba yabo ngobuchule, nesakhono zokusebenza nabanye.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-122
Amanqaku: 5

UBUGCISA OBUBONWAYO UHLOLO LWESI-2 Zizobe ungaphakathi emanzini

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Yazisa

- Banike iipensile neekhrayoni.
- Cacisa umsebenzi ngononophelo.
- Khuthaza abafundi bafake iinkucukacha nombala, kwaye basebenzise iphepha lonke.
- Uhlolo luthatha indawo kwizifundo ezimbini zobuGcisa obuBonwayo (Mvulo noLwesibini).

Yenza

- Abafundi mabazizobe besenza into emanzini (umzekelo, ukudada, ukuphehla, ukuloba, ukuhlamba).
- Qaphela indlela abafundi abazoba ngayo.

Qokelela imizobo yabafundi

- Abafundi bafake imizobo yabo ukugqibezela ngoLwesibini.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-120
Amanqaku: 5

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LWESI-2

Isicatshulwa sokuphulaphula

NT iph. 132

15 imiz.



Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Funda *Intlanzi enkulu*

- Chaza ukuba abafundi bazakuphendula iimpendulo ezibhalwayo emva kwelibali ngoko ke kufuneka bamamele ngononophelo.

Funda imibuzo uze ucacise nemigaqo yempendulo

- Abafundi bangasebenza kunye nawe, okanye ngesantya sabo.

Ukuhlola

- Hlola izakhono zabafundi zokumamela, ukuqonda nokuphendula ibali.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-113
Amanqaku: 5

IZANDI

Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

i	nq	a
i	w	n
e	ng’	a
ng’	o	o

Lungiselela

- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala
inqawe, inqina, nqena, inqanawe ng’a, ng’ong’o

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Intlanzi enkulu*

NN iph. 27-30

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Intlanzi enkulu*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: intambo yokuloba, nzulu, ukusokola, ukhuni, ukuhlangula

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 52-55

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA *Amaqela C noD*

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO *Izitishi zomsebenzi*

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

UBUGCISA OBUBONWAYO UHLOLO LWESI-2

Ukuzoba umzimba womntu esebenza kuyaqhubekeka

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Gqithisa imizobo yabafundi

- Abafundi bayaqhubeka ukuzoba umzimba womntu esebenza.
- Sebenzisa iikhrayoni, iikoki okanye ipeyinti ukongeza umbala kumzobo wakho.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-120
Amanqaku: 5

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN Ukugcina amanzi

Xoxa ngezikhongozeli zokugcina amanzi

- Yiza nezikhongozeli ezinobukhulu obuhlukeneyo kunye neemilo.
- Phambi kweklasi, sebenzisa ijagi yokulinganisa umthamo wamanzi abanjiweyo.
- Funda iphepha leNF kunye nabafundi.
- Xoxani niyiklasi ngemibuzo.

Abafundi mabagqibezele umsebenzi

- Abafundi basebenza bodwa.

NF iph. 50

15 imiz.



IZANDI Isandi u-ng'

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NF iph. 51

15 imiz.

KNF iph. 8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

15 imiz.

KNF iph. 31-37

UKUFUNDA NOTITSHALA (2) *Intlanzi enkulu*

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Intlanzi enkulu*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: intambo yokuloba, nzulu, ukusokola, ukhuni, ukuhlangula

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN iph. 27-30

15 imiz.

UKUBHALA NOTITSHALA — Isakhiwo sebali

15 imiz.

KNF iph. 38-41

Lungisa ibhodi
- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.
- Khumbuza abafundi ngemephu yebali.

Phinda ubalise uze ubhale ibali
- Bhalani ibali kunye usebenzise iimpendulo zabafundi kule mibuzo:
  - Yayingobani amakhwenkwe amabini ebalini?
  - Bayaphi?
  - Kwenzeka ntoni kuDuma?
  - Yeyiphi impazamo ayenzilleyo?
  - Wenza ntoni kuqala uJabu?
  - Wenza ntoni emva koko?
  - Liphele njani ibali?

Fundani kunye amagama nezivakalisi

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

NF iph. 52-55

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela E no-A

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala seQela E
- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A
- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA — Ukuphendula umculo

30 imiz.

Ukuphuhlisa ukuxabisa umculo
- Dlalela abafundi ukhetho lesixhobo somculo (kwifowuni okanye irekhoda). Faka iindidi zemiculo ezahlukileyo, izantya ezahlukileyo nezixhobo ezahlukileyo.
- Khuthaza abafundi bavale amehlo baze bamamelisise umculo.
- Emva komculo ngamnye, xelela abafundi bajike baxelele iqabane baziva njani.
- Abafundi bangaqhwaba, bacofe iminwe okanye bashukumele umculo.

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Linganisa umbongo wamanani

15 imiz.

Intlanzi ephilayo
Nye mbini ntathu ne ntlanu
Ndabamb' intlanzi ephilayo. (*yenza iintshukumo zokuloba ngentonga, intlanzi ikutsalela emanzini*)
Ntandathu sixhenxe thoba
Ndaze ndayiyeka kwakhona.
Wayiyekela ntoni?

Kuba yaluma umnwe wam. (*yenza ubuso bokuva iintlungu, ukubonisa ukuba ulunyiwe*)
Ngowuphi lo mnwe ulunyiweyo?
Lo mnwe wam umncinci wasekunene.
(*bonisa lo mnwe wakho umncinci wasekunene*)

IZANDI

Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi
- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba ababambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa
- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

inqawe
inqina
nqena
inqanawe
ng'a
ng'ong'o

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Intlanzi enkulu

NN iph. 27-30

15 imiz.

Funda
- Fundela iklasi ibali elithi *Intlanzi enkulu*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: intambo yokuloba, nzulu, ukusokola, ukhuni, ukuhlangula
- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.


Intlanzi enkulu
UDuma noJabu bayokuloba edamini. Babefuna ukubamba iintlanzi.
Bambelela!
Ndibambe intlanzi enkulu!
UDuma weva ngento itsala umnatha wakhe ngamandla.
27

UKUBHALA WEDWA — Bhala isakhiwo sebali

15 imiz.

Ukulungiselela
- Yosula Umsebenzi owubhala notitshala wayizolo ebhodini.

Bhala
- KwiNF, abafundi mababhale okwenzeke ebalini ngoDuma noJabu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 52-55

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela B noC

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini
- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA BEQONGA — Iintshukumo zomculo

30 imiz.

Dlala umculo orekhodiweyo oziindidi ezahlukileyo
- Phinda udlale umculo obumanyelwe yiklasi izolo
- Yeka abafundi baxhentsele umculo ngokwemvakalelo zabo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI Ubizelo

15 imiz.

KNF iph. 10

- Biza igama ngalinye ngokucotha. Liphinde kanye.
- Abafundi babhala amagama kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Emva koko, babhalele amagama ebhodini ukuze bajonge baze balungise.

inqununu
inqaba
ng'ong'oza
ng'adula
yonqena

UKUBHALA WEDWA Bonisa ngombhalo wakho

15 imiz.

Abafundi babonisa ngombhalo wabo

- Abafundi babonisa ngombhala wabo eklasini.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 52-55

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA Amaqela D no-E

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO UHLOLO LWESI-2

Ukwenza oonobumba (kuyaqhubekeka)

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Nikezela
- Amaqela anikezela ngoonobumba babo ababenze eklasini ngoMvulo.
- Hlola ukuthamba kwabafundi, indlela abashukumisa ngayo imizimba ngokusebenzisa isiphiwo sokuyila, kunye nendlela abasebenza ngayo nabanye.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-122
Amanqaku: 10

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

Isibhakabhaka emini nasebusuku

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

imini | ubusuku | inyanga | inkwenkwezi | ilanga

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki neepensile
- izikere, iglu
- amaphepha amakhulu (A4 okanye elingaphezulu, elimhlophe okanye ayimibala-bala)
- ipeyinti yepowusta kunye neebhrashi/iikhrayoni zewax/ezingqindilili, iipeni
- iingxowa okanye iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yezemiThambo ekhethiweyo



Idyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere

Kwakukho **umthungi** ohlakaniphileyo owayekwazi ukuthungela abantu abanemizimba eyahlukeneyo ngokumila. Wayekwazi ukubathungela **abathengi** bakhe nokuba bakhulu okanye bancinci, bafutshane okanye bade, okanye banciphile okanye batyebile. Impahla wayeyithunga ibalingane bonke kakuhle.

Ngenye imini indoda eyayinde inciphile yacela umthungi ukuba ayithungele idyasi. Wakhetha ilaphu elihle elimbala usilivere, elikhazimlayo ukuze umthungi amthungele ngalo. Kodwa kwenzeka into emangalisayo xa indoda ize kuthatha idyasi yayo. Yayingekho nde kwaye inganciphanga. Yayingqukuva ityebile ngoku.

'Intoni!' watsho umthungi owayemangele ukubona indlela etshintshe ngayo le ndoda.

'Le dyasi ndiyenzileyo ibiyeyakho ngoku ubunciphile ayizikukulingana ngoku ungqukuva kwaye utyebile!'

Kodwa into eyammangalisayo indoda yayifuna idyasi nangona ingayilingani ngoku, kuba ingqukuva ityebile. Wa-odola nedyasi yesibini. Wakhetha elinye ilaphu elisilivere elikhazimlayo, ukwenza idyasi yesibini ngelaphu elifana nqwa nele dyasi yokuqala.

'Ndifuna idyasi yokunxiba xa ndimde ndinciphile nenye yaxa ndingqukuva ndityebile,' yatsho indoda.

Umthungi **wayebhidekile**. Wabuza indoda, 'Ubengqukuva waze watyeba njani kwixesha elincinci kangaka?'

'Uya kuyazi ukuba ungajonga esibhakabhakeni rhoqo ebusuku kangangenyanga,' yatsho indoda.

Umthungi wenza njengokuba indoda itshilo. Rhoqo ebusuku, wayephuma phandle ajonge isibhakabhaka.

Ucinga ukuba wabona ntoni? Obunye ubusuku babubamnyama kakhulu, buze obunye bukhanye. Kwakusenzeka ntoni esibhakabhakeni? Yintoni eyayitshintsha?

Umthungi wabona ukuba inyanga iyayitshintsha imilo yayo iyeke ubude nokuncipha ibe ngqukuva ityebe. Wayazi ngoko ukuba le ndoda ayiyondoda yokwenyani koko yinyanga eyayifuna ukunxiba iimpahla ezintsha ezisilivere ukuze ikhanyise rhoqo ebusuku xa itshintsha imilo yayo.

ISIGAMA

umthungi – ngumntu othunga iimpahla

abathengi – ngabantu abathenga izinto evenkileni

wayebhidekile – ukubhideka kuxa ungayiqondi into

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere

NT iph. 75

15 imiz.

Emva kokufunda
- Ingaba Inyanga iyafana ntsuku zonke?

Ibali elifundwa ngokuvakalayo
- Cacisa isigama esitsha.

Emva kokufunda
- Le ndoda itshintshe imilo ebalini yayingeyo ndoda yokwenyani. Wayeyintoni?
- Le ndoda ibiyimilo enjani ekuqaleni nasekugqibeleni kwebali.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN Imini nobusuku

NN iph. 31

30 imiz.

NF iph. 57

Funda uze uxoxe
- Kukhanya nini? Kubamnyama nini?
- Zintoni izinto ozenzayo/ozibonayo emini nasebusuku?

IZANDI Isandi u-nj no-nh

NF iph. 58

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umSebenzi Owenza Wedwa wale veki.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza bodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NF iph. 63-66

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izititshi zomsebenzi

Imisebenzi yeklasi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA

Ukubonakalisa imini nobusuku

30 imiz.

Amaqela amancinci

- Abafundi bathatha isigqibo ngokuba bayibonakalisa kanjani imini nobusuku ngeentshukumo nesandi.
- Bazakunikezela ngomsebenzi wabo ngomso.

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Imini nobusuku

15 imiz.

Xelela iqabane lakho

- Yintoni othanda ukuyenza emini.
- Yintoni odla ngokuyenza ebusuku.
- Leliphi ixesha olithanda kakhulu imini/ubusuku.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN Imini nobusuku

NF iph. 59

15 imiz.



Hlela imifanekiso kwikholamu echanekileyo

- Cacisa umsebenzi.

Abafundi mabagqibezele umsebenzi

- Abafundi mabasebenze bodwa ukugqibezela umsebenzi.

IZANDI Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

i	nj	i
a	nh	s
u	nh	a
z	n	i

Lungiselela

- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala
inja, injini, iinjana, unhanha, isinhanha, unhiza

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere

NN iph. 32-35

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: imini, ubusuku, inyanga, inkwenkwezi, ilanga

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 63-66

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela C noD

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA BEQONGA

Ukubonakalisa imini nobusuku (kuyaqhubeka)

30 imiz.

Ukunikezela

- Amaqela anikezela ebonisa imini nobusuku ababenze izolo

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN Inyanga phezolo

NF iph. 60

15 imiz.

Xoxani ngeNyanga

- Ibinjani Inyanga phezolo?

Abafundi mabagqibezele iphepha lomsebenzi

- Abafundi mabazobe umfanekiso ukubonisa indlela inyanga ibiyiyo phezolo.
- Abafundi mabagqizele izivakalisi ukuchaza abakubonileyo.



IZANDI Uhlaziyo

NF iph. 61

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi



UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2) *Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere*

NN iph. 32-35

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: imini, ubusuku, inyanga, inkwenkwezi, ilanga

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UKUBHALA NOTITSHALA

Imini nobusuku

15 imiz.

KNF iph. 38-41

Ukulungisa ibhodi
- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.
- Hlaziya ezi zinto zikuluhlu: izihloko, iziphumlisi ezingekhoyo, amagama ngoonobumba abancinci, enye ezantsi kwenye.

Bhala: Into endiyibonayo esibhakabhakeni
- Abafundi mabenze uluhlu le zinto esizibona esibhakabhakeni ebusuku nasemini.
- Bhala iingcebiso zabo kwisakhelo ubusilungisile.

Fundani isivakalisi kunye

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 63-66

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela E no-A

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala seQela E
- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A
- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN UHLOLO LWESI-2

Ipowusta yemini nobusuku

NF iph. 59

30 imiz.



Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Yenza
- Abafundi mabasebenze ngababini benze ipowusta ebonisa umahluko phakathi kobusuku nemini.
- Mabenze eyabo imizobo baze basebenzise amaphepha asikwayo-akhutshwe iphepha lama-59 leNF.
- Umzobo ngamnye mawuleyibhelishwe ngokucacileyo.

Uhlolo lwenziwa namhlanje ngesifundo soBugcisa obuBonwayo namhlanje nangomso
- Thatha iipowusta zabafundi ukuze bazigqibezele ngomso.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-118
Amanqaku: 20

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Yenza umbongo

15 imiz.

Umdlalo wenyanga

Ndisenyangeni ndidlala umdlalo
Ndiyatshintsha-tshintsha.
Ngamanye amaxesha ndingqukuva,
Ibhola enkulu ekhazimlayo,
Jonga phezulu esibhakabhakeni,
Ubone ubuhle bokukhanya kwam
Xa iinkwenkwezi zibonakala ngobu busuku.

IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

inja
injini
iinjana
unhanha
isinhanha
unhiza

UKUBHALA NGESANDLA UHLOLO LOKU-1 Yenza oonobumba

15 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Yenza uhlolo lwabafundi ngokwamanqanaba okubhala oonobumba

- Bhala isivakalisi esifutshane ebhodini ukuze abafundi bakhuphele.
- Jonga ukufana kwezithuba kunye nokukekela, nokukwazi ukubumba oonobumba ngendlela echanekileyo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-116
Amanqaku: 5

UKUFUNDA NOTITSHALA (3) *Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere*

NN iph. 32-35

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo ezisilivere*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: imini, ubusuku, inyanga, inkwenkwezi, ilanga

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.

UMSEBENZI WOKUBHALA WEDWA UHLOLO LOKU-1

Imini nobusuku

15 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Cacisa ukuba olu luhlolo

Bhala

- Abafundi babhala abakubonayo emini nasebusuku, besebenzisa izimvo zabo.
- Bazoba umfanekiso wemini nobusika.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-117
Amanqaku: 5

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 63-66

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela B noC

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN UHLOLO LWESI-2

Ipowusta yemini nobusuku (iyaqhubeka)

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

- Nika abafundi imizobo kunye nezixhobo zokusebenza.
- Abafundi bayaqhuba ngokwenza iipowusta zabo.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-118
Amanqaku: 20

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI Umdlalo wombungu

NF iph. 62

15 imiz.

KNF iph. 8-13

- Dlalani ngababini.
- Hambisa isibalisi sakho ngokwenombolo yedayisi okanye iinombolo zebhloko.
- Xa uthe wawela kwigama lifunde.
- Xa uthe wawela kumfanekiso, qhubeka uye kwigama.

UKUBHALA WEDWA Bonisa ngombhalo wakho

15 imiz.

Abafundi babonisa ngemibhalo yabo

- Abafundi babelana neklasi ngemibhalo yabo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 63-66

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA Amaqela D no-E

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Inyanga

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

usomajukujuku | isiphekepheke | umhlaba | umzila weenyawo | ngonaphakade

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZOMSEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki nepensile
- izinto eziyinkunkuma (iiroli zekhadibhodi, iibhokisi, iphephandaba, iibhotile zeplasitiki)
- iglu, izikere, isiteypla, iikliphu zamaphepha njl.
- iingxowa/iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yezemiThambo ekhethiweyo



Uhambo enyangeni

Ingaba ukhona umntu owakhe waya enyangeni? Ucinga ntoni?

Ewe, bakhona. Abantu abalishumi elinesibini bahamba baya enyangeni. Abantu bokuqala ukuhamba eNyangeni yayinguNeil Armstrong kunye noBuzz Aldrin. Ngonyaka ka-1969, baya enyangeni ngesiphekapheke baze babuyela emhlabeni bengenzekanga nto. Wonke umntu wababukela kumabonakude behamba enyangeni.

Abantu abaya enyangeni babizwa ngokuba **ngoosomajukujuku.** Aba somajukujuku babini baqokelela amatye kunye nothuli enyangeni abaza kuza nawo emhlabeni, ukuze sazi banzi ngokwenzeka enyangeni. Babeka iflegi yaseMelika enyangeni njengoko babesuka khona.

Ingaba uyanqwenela ukuya enyangeni? Ucinga ukuba ungabona ntoni?

Uza kubona uthuli oluthambileyo nolumdakana, amatye akhazimlayo, nemingxuma ebizwa ngokuba **ziikhreyithi.** Ezinye iikhreyithi ezincinci ezinye zinkulu kakhulu. Ungabona neentaba eziphakamileyo kunye neentlambo ezinzulu. **Imizila yeenyawo** zakho ingahlala apho naphakade kuba akukho moya unokuyivuthuza. Ungabona amaqhekeza amancinci omkhenkce kwicala elimnyama lenyanga ngoku kungekho manzi. Akukho manzi namoya enyangeni kwaye isibhakabhaka sikhangeleka simnyama nokuba kusemini. Akukhonto inokuphila enyangeni ngoko ke awungekhe ubone bantu, zityalo nazilwanyana. Inyanga isoloko isesibhakabhakeni kodwa emini ilanga liqaqambile ukuba ubone ngokucacileyo. Ungayibona inyanga phantse rhoqo ngobusuku ngaphandle kokuba kusibekele, noxa ibonakala itshintsha imilo. Umhlaba nenyanga zinemilo engqukuva kwaye zidada emajukujukwini. Inyanga ijekeleza umhlaba ngokucothayo.

Njengokuba inyanga ijikeleza umhlaba ungabona kuphela ezo ndawo zenyanga apho ilanga likhanye kuzo, njengoko inyanga ingenako ukukhanya. Oku kwenza ngathi inyanga itshintsha imilo rhoqo ngobusuku. Kungoko ubona imilo ende ebubhitya (inyanga eyikhrisenti), ethi itshintshe ibe yimilo enkulu (inyanga esithwe bubumnyama/eliceba), ze igqibelise ngokuba yimilo engqukuva (inyanga epheleleyo). Emva koko iye iqalise ukuba ncinci kwakhona ebusuku ze ibuyele kula milo ende ebhityileyo rhoqo ngenyanga.

ISIGAMA

ngoosomajukujuku – ngabantu abaya kwiindawo ezisebhakabhakeni, ezifana nenyanga

ziikhreyithi – ikhreyithi yimingxuma efumaneka enyangeni

imizila yeenyawo – imizobo eyenziwa ziinyawo zomntu xa enyathela phantsi emhlabeni

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA — Iindaba

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO — *Uhambo enyangeni*

NT iph. 87

15 imiz.

Phambi kokufunda
- Wazi ntoni ngokuhamba phezu kwenyanga?
- Bafika njani abantu enyangeni?

Ibali elifundwa ngokuvakalayo
- Cacisa isigama esitsha.

Emva kokufunda
- Bangaphi abantu ebakhe bahamba eyangeni? Bafika njani khona?
- Kutheni Inyanga ibonakala ingathi itshintsha imilo?

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN — Inyanga

NN iph. 36

30 imiz.

NF iph. 67

Buza imibuzo yentshayelelo
- Uyayazi ukuba inyanga ishukuma kanjani?

Fundani kunye nize nixoxe
- Inyanga ikhangeleka intshintsha imilo rhoqo ebusuku.
- Inyanga ijikeleza umhlaba wonke.
- Jongisisa imifanekiso ukubona okwenzekileyo.
- Amaphepha eNcwadi enKulu akhona kwiNF abafundi bangalandela njengokuba ufunda.

IZANDI — Uhlaziyo

NF iph. 68

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi



UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF
iph. 72–75
30 imiz.

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iqela A

NT
iph. 133-134
30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Phawula amaphepha 132 & 133 eNT kolu hlolo

Hlola izakhono zabafundi zokufunda isivakalisi esibonwayo

- Abafundi bafunda ngokusebeza naliphi na ibali kwiNN.
- Babize ngamnye ngamnye ngexesha uze uphulaphule xa befunda izivakalisi ezikwiphepha le-130 nele-133 lale Ncwadi kaTshitshala.
- Mamela umfundi ngamnye efunda umzuzu omnye.



Funda izivakalisi.

1. Umakhulu wathi, "Andikuthandi ukuhlala kwesi sihlangu."
2. Utata uthenge amaplanga, izikhonkwane kunye nentambo ukwenzela ukwakha indlu yomthi.
3. Xa sasiye kumyezo wezilwanyana, saqala sabona iinkawu.
4. Ndiyimvubu. Ndiyathanda ukuba semanzini ngexesha lasemini.
5. Ingwenya yaqubha ngokukhawuleza ngaphantsi kwamanzi. Yangakula u-Esi.
6. UDuma noJabu baya kuloba edamini. Babefuna ukubamba iintlanzi.
7. Ngenye imini umthungi wathunga idyasi entle, ekhazimlayo esilivere. Yayi yeyendoda ende enciphileyo.

Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu 133
134 Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-115
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF
iph. 51-52

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izititshi zomsebenzi

Imisebenzi yeklasi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza isiphekepheke sasemajukujukwini

30 imiz.

Yazisa

- Banike izinto ezilahliwiweyo kunye nezinye izixhobo.
- Abafundi mabasebenze ngamaqela.

Isicwangciso

- Abafundi mabenze isicwangciso sokubonisa indlela abazakusebenzisa ngayo inkunkuma yezinto ukwenza isiphekepheke sasemajukujukwini.
- Abafundi mabaqalise ukwenza iziphekepheke zabo.

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Landela imiyalelo

15 imiz.

Dlala imidlalo yomyalelo

- Phuhlisa izakhono zabafundi zokulandela imiyalelo ngokudlala imidlalo, enjengo u*thi uSimon, Hoki Koki,* njl.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN Izigaba zenyanga

NF iph. 69

15 imiz.

Xoxani ngomsebenzi

- Fundani iphepha lama-69 leNF kunye nabafundi.
- Cacisa imiyalelo.

Abafundi mabagqibezele umsebenzi

- Abafundi mabasebenze bodwa.
- Abafundi mabakhuphele imifanekiso yeNyanga kwimiqolo echanekileyo.



Umhla _____

Izigaba zenyanga

Zoba izigaba zenyanga.

Izigaba zenyanga	Imifanekiso	Ubona ntoni?
inyanga entsha	◯	Ayibonakali inyanga.
inyanga eyikhresenti	◯	Ubona iceba lenyanga.
isiqingatha senyanga	◯	Ubona isiqingatha senyanga.
inyanga eliceba	◯	Ubona ngaphezu kwesiqingatha senyanga.
inyanga epheleleyo	◯	Ubona inyanga epheleleyo.

Lwesibini 69

IZANDI Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Lungiselela

- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

inyama, amanzi, inzima, ithamo, inyathi, inyanga

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

i	ny	m
i	a	a
nz	th	o
	k	ng

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUBHALA NOTITSHALA (1) *Uhambo enyangeni*

NN
iph. 37-40
15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Uhambo enyangeni*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: usomajukujuku, isiphekepheke/iziphekepheke, umzila weenyawo, umhlaba, ngonaphakade

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF
iph. 72–75
30 imiz.

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iqela B

NT
iph. 133-134
30 imiz.



Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Phawula amaphepha 132 & 133 eNT kolu hlolo

Hlola izakhono zabafundi zokufunda isivakalisi esibonwayo

- Abafundi bafunda ngokusebeza naliphi na ibali kwiNN.
- Babize ngamnye ngamnye ngexesha uze uphulaphule xa befunda izivakalisi ezikwiphepha le-130 nele-133 lale Ncwadi kaTshitshala.
- Mamela umfundi ngamnye efunda umzuzu omnye.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-115
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO *Izitishi zomsebenzi*

30 imiz.

KNF
iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA OBUBONWAYO *Ukwenza isiphekepheke sasemajukujukwini (kuyaqhubekeka)*

30 imiz.

- Abafundi mabaqhubekeke benze iziphekepheke zabo ngezinto ezilahliweyo
- Iqela ngalinye libonisa iklasi into abayenzileyo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Ukufunda ngeenkwenkwezi

NF iph. 70

15 imiz.



Funda ulwazi

- Funda iphepha kunye nabafundi.
- Xoxani neklasi ngemibuzo.

Abafundi mabagqibezele umsebenzi

- Abafundi mabasebenze bodwa ukuphendula imibuzo.

IZANDI

Uhlaziyo

NF iph. 71

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUBHALA NOTITSHALA (2)

Uhambo enyangeni

NN iph. 37-40

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Uhambo enyangeni*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: usomajukujuku, isiphekepheke/iziphekepheke, umzila weenyawo, umhlaba, ngonaphakade

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UKUBHALA UHLOLO LWESI-2 Iindaba zam

15 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Olu luhlolo luza kubhalwa kwiintsuku ezimbini (NgoLwesithathu noLwesine)

Yazisa
- Xelela abafundi bacinge ngomntu ebebekhe badlala naye okanye indawo ebebeye kuyo kwiveki ephelileyo.

Zoba uze ubhale
- Abafundi mabasebenze bodwa bazobe okwenzekileyo.
- Babhale izivakalisi ezi-3 ngokwenzekileyo.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-117
Amanqaku: 5

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF
iph. 72–75
30 imiz.

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iqela C

NT
iph. 133-134
30 imiz.


Funda izivakalisi.

1 Umakhulu wathi, "Andikuthandi ukuhlala kwesi sihlangu."

2 Utata uthenge amaplanga, izikhonkwane kunye nentambo ukwenzela ukwakha indlu yomthi.

3 Xa sasiye kumyezo wezilwanyana, saqala sabona iinkawu.

4 Ndiyimvubu. Ndiyathanda ukuba semanzini ngexesha lasemini.

5 Ingwenya yaqubha ngokukhawuleza ngaphantsi kwamanzi. Yanqakula u-Esi.

6 UDuma noJabu baya kuloba edamini. Babefuna ukubamba iintlanzi.

7 Ngenye imini umthungi wathunga idyasi entle, ekhazimlayo esilivere. Yayi yeyendoda ende enciphileyo.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu 133

134 Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Phawula amaphepha 132 & 133 eNT kolu hlolo

Hlola izakhono zabafundi zokufunda isivakalisi esibonwayo
- Abafundi bafunda ngokusebeza naliphi na ibali kwiNN.
- Babize ngamnye ngamnye ngexesha uze uphulaphule xa befunda izivakalisi ezikwiphepha le-130 nele-133 lale Ncwadi kaTshitshala.
- Mamela umfundi ngamnye efunda umzuzu omnye.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-115
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF
iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA Yenzani ngathi nifika enyangeni

30 imiz.

Ngababini
- Oosomajukujuku bahamba njani enyangeni?
- Benza ntoni enyangeni?
- Ngababini mabadlale umdlalo wokufika enyangeni.
- Biza esinye isibini ukuba sidlalele iklasi.

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Isicengcelezo sokubala

15 imiz.

Oosomajukujuku abancinci abahlanu

Oosomajukujuku abahlanu abancinci bantinga baya ezinkwenkwezini.
Owokuqala wathi: Masiye kuMazi.
Owesibini wathi: Masintingele esibhakabhakeni.
Owesithathu wathi: Masintingele phezulu kakhulu.
Owesine wathi: Masiye enyangeni.
Owesihlanu wathi: Masizilungiselele kwangoku.
Khwelani kwisiphekepheke sasemajukujukwini sethu
Siya enyangeni.
Lindela umsi wokuntinga – tshuu!
Sesisendleleni!



IZANDI UHLOLO LOKU-1

Izandi noonobumba

NT iph. 135
15 min

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Abafundi mabafakele oonobumba abashiyiweyo

- Hlola indlela abafundi abaphulaphula ngayo izandi emagameni baze babhale onobumba abafanayo.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-114
Amanqaku: 5

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA UHLOLO LWESI-2

Isicatshulwa

NT iph. 136
15 min

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Banike iikopi zephepha le-135 leNT.

Phinda ufunde Uhambo enyangeni

- Phinda ufunde ibali kunye neklasi (NN iph. 37–40).
- Funda imibuzo ngokuvakalayo, kodwa ningaxoxi ngeempendulo.

Abafundi baphendula imibuzo

- Bhala izivakalisi.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-115
Amanqaku: 10



UKUBHALA UHLOLO LWESI-2 Iindaba zam (ziyaqhubekeka)

15 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Abafundi mabagqibezele umzobo wabo nezivakalisi.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-117
Amanqaku: 5

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 72–75

30 imiz.

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iqela D

NT iph. 133-134

30 imiz.


Funda izivakalisi.

1 Umakhulu wathi, "Andikuthandi ukuhlala kwesi sihlangu."

2 Utata uthenge amaplanga, izikhonkwane kunye nentambo ukwenzela ukwakha indlu yomthi.

3 Xa sasiye kumyezo wezilwanyana, saqala sabona iinkawu.

4 Ndiyimvubu. Ndiyathanda ukuba semanzini ngexesha lasemini.

5 Ingwenya yaqubha ngokukhawuleza ngaphantsi kwamanzi. Yanqakula u-Esi.

6 UDuma noJabu baya kuloba edamini. Babefuna ukubamba iintlanzi.

7 Ngenye imini umthungi wathunga idyasi entle, ekhazimlayo esilivere. Yayi yeyendoda ende enciphileyo.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu 133 134 Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Phawula amaphepha 132 & 133 eNT kolu hlolo

Hlola izakhono zabafundi zokufunda isivakalisi esibonwayo

- Abafundi bafunda ngokusebeza naliphi na ibali kwiNN.
- Babize ngamnye ngamnye ngexesha uze uphulaphule xa befunda izivakalisi ezikwiphepha le-130 nele-133 lale Ncwadi kaTshitshala.
- Mamela umfundi ngamnye efunda umzuzu omnye.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-115
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO UHLOLO LWESI-2 Usuku lwezemidlalo

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Lungiselela

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela.
- Yazisa ukuba yeyiphi na imidlalo ezakwenziwa namhlanje.
- Vumela amaqela enze isigqibo sokuba ngubani oza kwenza oluphi ugqatso.
- Umfundi ngamnye athathe inxaxheba kugqatso olunye ubuncinane.

Usuku lwezemidlalo

- Qhuba ugqatso nokuvavanya isiqingatha seklasi.
- Hlola izakhono zabafundi zoku thatha inxaxheba kwimidlalo bebonisa ubuchule nenkuthalo.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-122
Amanqaku: 5

EZOBUGCISA BEQONGA Yenzani ngathi nifika enyangeni

30 imiz.

Ngababibi

- Bahamba njani oosomajukujuku enyangeni?
- Benza ntoni enyangeni?
- Ngababini linganisani ngathi nifika enyangeni
- Biza amanye amaqela alinganisele iklasi.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI UHLOLO LWESI-2 Ubizelo

15 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

- Biza igama ngalinye ngokuchotha. Phinda kanye.
- Abafundi mababhale amagama wabo ezincwadini zabo zokubhala.
- Thatha ukuze ukorekishe.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-114
Amanqaku: 10

intsimbi
imvulophu
intsente
ibomvu
hamba

UKUBHALA WEDWA Bonisa ngombhalo wakho

15 imiz.

Abafundi babonisa ngemibhalo yabo

- Abafundi babelana neklasi ngemibhalo yabo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 72–75
30 imiz.

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iqela E

NT iph. 133-134
30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Phawula amaphepha 132 & 133 eNT kolu hlolo

Hlola izakhono zabafundi zokufunda isivakalisi esibonwayo

- Abafundi bafunda ngokusebeza naliphi na ibali kwiNN.
- Babize ngamnye ngamnye ngexesha uze uphulaphule xa befunda izivakalisi ezikwiphepha le-130 nele-133 lale Ncwadi kaTshitshala.
- Mamela umfundi ngamnye efunda umzuzu omnye.



Funda izivakalisi.

1 Umakhulu wathi, "Andikuthandi ukuhlala kwesi sihlangu."

2 Utata uthenge amaplanga, izikhonkwane kunye nentambo ukwenzela ukwakha indlu yomthi.

3 Xa sasiye kumyezo wezilwanyana, saqala sabona iinkawu.

4 Ndiyimvubu. Ndiyathanda ukuba semanzini ngexesha lasemini.

5 Ingwenya yaqubha ngokukhawuleza ngaphantsi kwamanzi. Yanqakula u-Esi.

6 UDuma noJabu baya kuloba edamini. Babefuna ukubamba iintlanzi.

7 Ngenye imini umthungi wathunga idyasi entle, ekhazimlayo eslivere. Yayi yeyendoda ende enciphileyo.

UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu 133

134 Iveki yesi-8 • Mvulo–Lwesihlanu UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-115
Amanqaku: 5

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO UHLOLO LWESI-2

Usuku lwezemidlalo (luyaqhubeka)

30 imiz.

Sebenzisa lo mzekeliso womsebenzi wohlolo okanye uzidizayinele owakho.

Hlola isiqingatha seklasi namhlanje

Lungiselela
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela.
- Yazisa ukuba yeyiphi na imidlalo ezakwenziwa namhlanje.
- Vumela amaqela enze isigqibo sokuba ngubani oza kwenza
  oluphi ugqatso. Umfundi ngamnye athathe inxaxheba kugqatso olunye ubuncinane.

Usuku lwezemidlalo
- Qhuba ugqatso nokuvavanya isiqingatha seklasi.
- Hlola izakhono zabafundi zoku thatha inxaxheba kwimidlalo bebonisa ubuchule nenkuthalo.

Ukukorekisha: Jonga iphepha le-122
Amanqaku: 5

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

Umhla weNyibidyala

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

khanya | izenzo ezintle | enkulwana | eqaqambileyo | unobubele kakhulu

ISIKHOKELO SOMSEBENZI WOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA NOKUSEBENZA WEDWA

Sebenza nelinye lamaQela lokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu engama-30 lilinye, ukutshayelela ukuFunda ngaBabini (phinda ezi zifundo kwiTheyibhile yohlangulo).

Nika umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elifanelekileyo kwamanye amaqela, usebenzisa ezi zixhobo:

- ImiSebenzi Oyenza Wedwa ekwiNF
- IiNcwadi zomSebenzi zakwaDBE, iipowusta zakwaWCED, okanye izixhobo ezizezakho

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki, ipensile
- iphepha elikhulu (A4 okanye elingaphezulu, libemhlophe okanye libe ngumbala)
- iibhegi/ibhokisi yokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yezemiThambo ekhethiweyo

UNkwenkwezi Omncinci

Ubusazi ukuba sonke sineenkwenkwezi ezingqamene nathi esibhakabhakeni? Maxesha onke xa sisenza **okuhle** nokulungileyo, inkwenkwezi yomntu ngamnye iyakhanya **igqame** ngakumbi.

Phambili phaya kwakukho inkwenkwezi encinci esibhakabhakeni. Yayincinci kangangokuba kwakungelulanga ukuba mayibonakale, ngoko ke yayibizwa ngokuba nguNkwenkwezi Omncinci. Zazininzi iinkwenkwezi ezikhanyayo esibhakabhakeni kwakude kube nzima ukuzibala. Zonke ezi nkwenkwezi zazinkulu kwaye zikhanya ngaphezulu kwenkwenkwezi encinci.

UNkwenkwezi Omncinci wayekhangeleka elusizi ezama ukubala zonke ezi nkwenkwezi zinkulu, zikhanyayo.

Ngenye imini uNkwenkwezi Omncinci wabuza kunina, 'Kutheni ndimncinci nje mna? Nam ndifuna ukuba mkhulu ndikhanye ngokuqhakazayo esibhakabhakeni.'

'Konke kuza kwenzeka ngexesha elilungileyo,' watsho umama wenkwenkwezi. 'Jonga phantsi kumntana ongowakho. Ngamaxesha onke lo mntwana esenza okuhle nokulungileyo ebantwini, nawe uza kuqaqamba ngakumbi. Nawe ngenye imini uza kuba mkhulu uqaqambe kwaye unike ukukhanya nangaphezulu.'

'Ndiyathemba kuza kubanjalo,' watsho UNkwenkwezi Omncinci ejonge ezantsi emhlabeni ukubona umntwana wakhe.

UNkwenkwezi Omncinci wabukela njengokuba umntwana wakhe ekhula. Ekuqaleni yayingumntwana omncinci waze waqalisa ukuhamba nokuthetha. UNkwenkwezi Omncinci wayengxamele isenzo esihle sokukuqala somntwana wakhe ukuba sikhule kakhulu kwaye siqhakaze.

Naye uNkwenkwezi Omncinci wayenqwenela ukuba mkhulu aqaqambe kuneyona nkwenkwezi eyayinkulu kunazo zonke esibhakabhakeni. Le nkwenkwezi yayinkulu nangaphezulu kukamama kaNkwenkwezi Omncinci. **Ilitha** layo lalikhanya kude nakwezona ndawo zazimnyama kwisibhakabhaka sasebusuku. Ilitha layo lalikhanyisa umhlaba ngexesha lasemini nenyanga ebusuku.

'Yekabani le nkwenkwezi?' wabuza uNkwenkwezi Omncinci.

'Inokuba yeyoyena mntu owakhe walunga emhlabeni ukuba ibe nkulu kwaye iqaqambe kangaka,' watsho umama kaNkwenkwezi Omncinci. Inoba ngubani lowo? Ucinga ntoni?

ISIGAMA

okuhle – into elungileyo

igqame – ikhanye kakhulu

ilitha – ukukhanya kwento

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO *UNkwenkwezi Omncinci*

NT iph. 99

15 imiz.

Phambi kokufunda
- Uziva kanjani xa usenza isenzo esilungileyo?

Funda ibali ngokuvakalayo
- Cacisa isigama esitsha.

Emva kokufunda
- Kutheni inkwenkwezi ibincinci ebalini?
- Yintoni engenza inkwenkwezi ikhule ibe nkulu kakhulu?

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN Umhla weNyibidyala

NN iph. 41

30 imiz.

Buza imibuzo yentshayelelo
- Usapho lwakho luwubhiyozela njani umhla wokuqala konyaka omtsha?

Fundani kunye nize nixoxe
- Ungakanani unyaka?
- Yintoni iNyibidyala?
- Kwenzeka ntoni ngeNyibidyala? (utitshala omtsha, iklasi entsha, enye imini yokuzalwa...)
- Lingowuphi umhla usuku le nyibidyala?
- Kutheni abantu bonwabile ngosuku lweNyibidyala? *(ithuba lokwenza izinto ngcono/ngokuhlukileyo/amathamsanqa)*

IZANDI Uhlaziyo

NF iph. 77

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi



UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

NF iph. 81-84

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Amaqela A noB

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha loku-1 ibe yeyeveki, lungisa izixhobo uze wahlule iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izititshi zomsebenzi

Imisebenzi yeklasi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba inkwenkwezi

30 imiz.



Yazisa

- Gqithisa amaphepha we A4 (okanye amakhulu), iirula, iipensile ezibukhali neekhrayoni/ipeyinti.
- Bonisa ukuzoba inkwenkwezi ebhodini.

Yenza

- Abafundi mabazobe kwaye bafake umbala kwiinkwenkwezi zabo.
- Zisike uze uzixhome.

LWESIBINI

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Imibuzo evulekileyo

NT iph. 99

15 imiz.

Yibani nengxoxo yeklasi ngale mibuzo

- Singenza njani ukwenza inkwekhwezi yethu ekhethekileyo ikhanye ngokuqaqambileyo kwaye ikhule ibenkulu kakhulu?
- Ukhona umntu omaziyo onobubele kakhulu? Wenza ntoni?
- Zenzo zini ezilungileyo owakhe wazenzela usapho lwakho okanye abahlobo? Baziva njani?
- Zeziphi izenzo ezilungileyo usapho lwakho elakwenzela zona? Waziva njani?
- Wakhe wenzela isilwanyana isenzo esihle? Yayiyi ntoni?
- Lisifundisa ntoni ibali elithi *UNkwenkwezi Omncinci*?

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Ukujonga emva kulo nyaka

NF iph. 78

15 imiz.



Funda isiqalo sesizivakalisi

- Cela igalelo kumavolontiya.

Abafundi bagqibezela iphepha lomsebenzi

- Abafundi mabasebenze bodwa ukugqibezela izivakalisi.

IZANDI

Ukwakha amagama kunye

15 imiz.

KNF iph. 8-13

i	ng	l
u	a	o
c	nq	w
	e	u

Lungiselela

- Nika abafundi amakhadi amagama eveki.
- Abafundi basika amakhadi amagama.
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

ucango, ingalo, iculo, icawe, inqu, inqawe

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwisikhongozeli/ebhegini ukuze ubasebenzise kwakhona

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *UNkwenkwezi Omncinci*

NN iph. 42-45

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *UNkwenkwezi Omncinci*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: khanya izenzo ezintle enkulwana eqaqambileyo unobubele kakhulu

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 81-84

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA *Amaqela C noD*

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO *Izitishi zomsebenzi*

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA OBUBONWAYO *Zoba inkwenkwezi (iyaqhubekeka)*

30 imiz.



Gqithisa imizobo yabafundi

Abafundi mabaqhubekeke bagqibezele, basike, kwaye babonise ngeenkwenkwezi zabo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

Iminqweno yonyaka omtsha

15 imiz.

Funda iphepha
- Thetha ngemizekelo.
- Thetha ngokwenza izinto ngcono kwaye ngoba.

Xoxani ngeminqweno yenu
- Xoxa ngeminqweno yakho nomhlobo wakho.

IZANDI

Uhlaziyo

NF iph. 79

15 imiz.

KNF iph. 8-13



Hlaziya izandi
- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluza boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha
- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi
- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda
- Fundani oonobumba, amalungu egameni kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

UNkwenkwezi Omncinci

NN iph. 42-45

15 imiz.

Funda
- Fundela iklasi ibali elithi *UNkwenkwezi Omncinci*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: khanya izenzo ezintle enkulwana eqaqambileyo unobubele kakhulu
- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.

UKUBHALA NOTITSHALA — Ndiyinkwenkwezi!

15 min

KNF iph. 38-41

Ukulungisa ibhodi
- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.

Abafundi mabacinge ukuba kutheni bekhethekile
- Abafundi mabacinge:
  - Ngezinto abagqwesayo kuzo.
  - Ngezinto ezibonwabisayo.
  - Ngezinto abazenzayo ukonwabisa abanye.
  - Ngabantu ababathandayo.
  - Ngendlela abanobubele ngayo kwabanye abantu.
  - Ngendlela abanobubele ngayo kwizilwanyana.
  - Ngezinto abazenzayo ukuncenda ekuhlaleni/ isikolo/usapho.

Sebenzisa iingcebiso ezahlukileyo zabafundi ukugqibezela isakhelo sokubhala

Fundani amagama nezivakalisi kunye

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 81-84

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela E no-A

KNF iph. 24-27

Isifundo sokuqala seQela E
- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A
- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZOBUGCISA BEQONGA — Iintshukumo nomculo

30 imiz.

Ukuphuhlisa izakhono zabafundi ngokulandela kumculo ngamazwi kunye neentshukumo
- Dlala umculo ozindindi ezahlukileyo kwifowuni yakho okanye kwiCD.
- Emva kwengoma nganye, buza abafundi baziva kanjani ngomculo.
- Wudlale kwakhona uze uvumele abafundi bashukumele umculo ngexesha, ngendlela abafuna ngayo.
- Zama ukubane ndindi ezahlukileyo zomculo, owemveli, owakulemihla, njl.

LWESINE

INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA isicengcelezo

15 imiz.

Inkwenkwezi ekhanyayo, inkwenkwe eqaqambileyo	**Danya danya nkwenkwezana**
Nkwenkwezi ekhanyayo, nkwenkwezi eqaqambileyo	Danya danya kwenkwezana
Nkwenkwezi yokuqala endiyibonileyo ebusuku	Ngaba uyintoni na
Ndinqwenela uku	Phezu kwelizwe lonke
Ndinqwenela uku	Njenge dayimani entle.
Ukuba nomnqweno	Xa ilanga litshonile
Endiwunqwenelayo kobu busuku.	Xa ilanga liphumlile
	Wena uyakhanya
	Danya danya ubusuku bonke.

IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

15 imiz.

KNF iph. 8-13

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angoLwesibini esifundo sokwakha amagama:
  - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
  - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
  - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
  - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

ingalo

ilanga

ingubo

ingca

ingcucu

iingceba

UKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

KNF iph. 31-37

- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi esele zifundisiwe.
- Bonisa ebhodini uze uthethe ngokuvakalayo intshukumo yezandla.
- Abafundi bakhuphela kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uncede. Jongisisa indlela ababamba ngayo ipensile nabahlala ngayo.

UKUFUNDA NOTITSHALA (3) *UNkwenkwezi Omncinci*

NN iph. 42-45

15 imiz.

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *UNkwenkwezi Omncinci*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluza: khanya izenzo ezintle enkulwana eqaqambileyo unobubele kakhulu

- Phakamisa amakhadi oonotsheluza uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluza namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluza kuDonga lwamaGama.

UNkwenkwezi Omncinci

Kukho abantu abacinga ukuba sinenkwenkwezi ekhethekileyo esibhakabhakeni. Ngalo lonke ixesha sisenza into elungileyo, iba nkulu ikhazimle ngakumbi.

42

UKUBHALA WEDWA — Ndiyinkwenkwezi

15 min

KNF iph. 38-41

Phinda ufunde umSebenzi wokuFunda noTitshala wayizolo

- Phinda ufunde imibuzo ekhawulezileyo kunye nokubhala notitshala kwayi zolo.

UkuBhala Wedwa

- Abafundi mababhale izivakalisi ngabo kwinkwenkwezi.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 81-84

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

30 imiz.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela B noC

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

EZEMITHAMBO — Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

EZOBUGCISA BEQONGA — Iintshukumo nomculo (ziyaqhubekeka)

30 imiz.

Phinda umsebenzi

- Ukuba kunyanzelekile, sebenzisa umculo owahlukileyo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA — Iindaba

15 imiz.

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

IZANDI — Ndihlola nge...

NF iph. 80

15 imiz.

KNF iph. 8-13



- Dlalani ngababini.
- Khetha umfanekiso.
- Khetha umfanekiso emva koko uthi: “Ndihlola ngeliso lam elincinane into eqala ngo ....”
- Omnye umdlali aqikelele umfanekiso.
- Tshintshanani.

UKUBHALA WEDWA — Bonisa ngombhalo wakho

15 imiz.

Abafundi babonisa ngombhalo wabo

- Abafundi babelana neklasi ngombhalo wabo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NF iph. 81-84

- Nika iqela ngalinye umSebenzi Owenza Wedwa okwinqanaba elifanelekileyo.
- Yalela abafundi ukuba benze umsebenzi owenza wedwa okwinqanaba elililo kwiqela ngalinye.
- Yakuba izolile iklasi, bizela iqela elilandelayo emethini kukuFQNT.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA — Amaqela D no-E

30 imiz.

KNF iph. 24-27

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!

UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Krwaqula ngasemva evekini
- Yintoni ibilungile kule veki?
- Yintoni ekufuneka siyiphucule?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi
- Banike ingxelo uze ufundise kwakhona ukuba kukho imfuneko.

EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

30 imiz.

KNF iph. 51-52

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndiwuqwalasele umsebenzi wabafundi obhaliweyo**
- **ndiwajongile ndawakorekisha amaphepha eNF**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

Ukudityaniswa kunye nohlaziyo

Le yiveki yohlaziyo ngoko asikho isicwangciso sosuku esibekiweyo.
Uyakufumana nje iingcebiso ngemisebenzi yohlaziyo enokwenziwa nanini na evekini.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

- Gxininisa kusuku olukhethekileyo okanye iholide ebalulekileyo kubafundi beklasi okanye kwindawo ohlala kuyo. Oku inokuba yiholide yenkolo efana neKrisimesi, iHannukah okanye i-Eid, usuku olukhethekileyo olufana noSuku lukaMandela, okanye olukhethekileyo usuku lokuggqibela kunyaka esikolweni. Balisa ibali elinxibelelanisa nosuku olukhethileyo.
- Abafundi mabakhethe ibali abanqwenela ukuphinda balifundelwe. Emva koko cela umfundi okanye abafundi ababini babalise elinye ibali.
- Ngababini: babaliselana ngawona mabali bawathandayo.
- Ukucengceleza isicengcelezo okanye umbongo ngabanye okanye ngamaqela amancinci.

UKUFUNDA

- Phinda ufunde awona mabali abathe bawonwabela kwiNcwadi eNkulu kule kota.
- Funda amabali kodwa ungababuzi mibuzo ngelixa ufunda.
- Tshintshisana nabafundi abazoba ngutitshala ekufundeni amanye amabali.
- Phinda ufunde amabali ebefundwe ekuqaleni konyaka. Abafundi ebangeka zithembi bangakonwabela ukuba ngutitshala kumabali eKota yoku-1 okanye yesi-2.

IZANDI

- Phinda kwakhona imisebenzi yolwakhiwo lamagama.
- Dlala imidlalo yezandi yangoLwesihlanu kwakhona.
- Amaqela mawenze imisebenzi yokuhlenga-hlengisa amagama akoonotsheluza, umzekelo, khangelani amagama alishumi akhiwe ngoonobumba abathandathu, funa amagama abemahlanu aqala ngoX, njl.
- Abafundi bagqibezele nawuphi umSebenzi Owenza Wedwa kwiNF abangakhange bawugqibe. Khangela ukuba bawenze kakuhle.
- Imisebenzi yezandi kwiDBE.

UKUBHALA

- Nika abafundi amaphepha babhale ibali elikhethwe ngabo. Ingalibali elikwiNcwadi eNkulu, okanye ibali labo.
- Bayalele bazame ukubiza ngokuvakalayo amagama abangawaqondiyo okanye basebenzise amagama asedongeni.



ULWAZI OLUSISISEKO NOPN

- Abafundi bagagqibezela nayiphi na imisebenzi engekagqitywa kumaphepha eDBE. La maphepha alandelayo kwiDBE ngawona achanekileyo kwimixholo eyenziwe kule kota. Eminye imisebenzi ayiphelelanga ekusebenziseni iphepha nepensile ibandakanya imizobo, ukulingisa kunye nengxoxo.
- Amakhaya: Umsebenzi 49–52, iphepha 34–41, incwadi yomsebenzi yeDBE
- Imephu yemifanekiso: Umsebenzi 53–55, iphepha 42–47, incwadi yomsebenzi yeDBE
- Amanzi: Umsebenzi 57–60, iphepha 50–57, incwadi yomsebenzi yeDBE
- Amakhaya: Umsebenzi 61–63, iphepha 58–63, incwadi yomsebenzi yeDBE

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

- Nika abafundi izixhobo zomsebenzi wezobuGcisa ezinjenge khrayoni, iikoki, amaphepha ayimibala-bala nayimilinganiselo eyahlukileyo.
- Bavumele abafundi bazikhethele into abafuna ukuyizoba.
- Bavumele abafundi babonise iklasi okanye iqela imisebenzi yabo bacacise ukuba yintoni abakhethe ukuyizoba.

EZOBUGCISA BEQONGA

- Hlaziya imibongo nezicengcelezo abazifunde kwiveki 1–9. Iqela malikhethe liziqhelanise nesicengcelezo okanye umbongo ubemnye.

EZEMITHAMBO

- Dlalani imidlalo yokubhiyozela inkcubeko.
- Yibani nosuku lwemidlalo apho amaqela aza kukhuphisana. Yenzani imisebenzi ebeniyenze kule Kota.

ISAMPULU YESICWANGCISO SOHLOLO, IKOTA YESI-4

- Itsheklisti ebonisa umsebenzi wonke wekharityhulam ifumaneka ngemva kule Ncwadi kaTitshala.
- Imisebenzi yohlolo olusesikweni isasazwe phakathi kweveki yesi-6, 7, neyesi-8.
- Imigaqo yohlolo, ikhrayitheriya yokumakisha imisebenzi kunye nokuqwalaselwa zikhona ngasemva kule Ncwadi kaTitshala kwaye zenziwe zayinxalenye yezicwangciso zokufunda.
- Ukuqwalaselwa kokusebenza kwabafundi ngokweKota (UHlolo olungekho seSikweni noluseSikweni, luthathelwa ingqalelo kumanqaku okugqibela).

Imisebenzi yoHlolo oluseSikweni: iKota yesi-4				
Iveki-yesi 2	Mvulo & Lwesibini	Uhlolo loku-1 lobuGcisa obuBonwayo: Yenza indlu yokudlala	Okwenziwayo	NT Iph. 17 & 19
Iveki-yesi 3	Lwesibini	Uhlolo loku-1 lokuPhulaphula nokuThetha: Ukuzikhupha		NT Iph. 30
Iveki-yesi 4	Mvulo & Lwesibini	Uhlolo loku-1 lobuGcisa obeNziwayo: Amaqhina aneentshukumo	Okwenziwayo	NT Iph. 41 & 43
Iveki-yesi 5	Lwesibini	Uhlolo lwesi-2 loLwazi olusisiSeko/PN: Indlela izilwanyana eziwasebenzisa ngayo amanzi	NT Iph. 130	NT Iph. 54
	Lwesithathu & Lwesine	Uhlolo lwesi-2 lobuGcisa beQonga: Ingoma/ umxhentso wesiNtu	Okwenziwayo	NT Iph. 57 & 59
Iveki-yesi 6	Mvulo & Lwesibini	Uhlolo lwesi-2 lobuGcisa obuBonwayo: Zizobe wena emanzini	Okwenziwayo	NT Iph. 65 & 67
	Mvulo & Lwesihlanu	Uhlolo loku-1 lwezemiThambo: Yenza oonobumba be-alfabhethi	Okwenziwayo	NT Iph. 65 & 73
	Lwesibini	Uhlolo lwesi-2 lokuPhulaphula nokuThetha	NT Iph. 131	NT Iph. 66
Iveki-yesi 7	Lwesithathu & Lwesine	Uhlolo lwesi-2 loLwazi olusisiSeko/PN: Ipowusta yobusuku nemini	NF Iph. 59	NT Iph. 81 & 83
	Lwesine	Uhlolo loku-1 lokuBhala ngeSandla: Yenza unobumba	Incwadi yokubhalela	NT Iph. 82
		Uhlolo loku-1 lokuBhala: Ubusuku nemini	Incwadi yokubhalela	NT Iph. 83
Iveki-yesi 8	Mvulo – Lwesihlanu	Uhlolo loku-1 lokuFunda: Funda isivakalisi esiboniweyo	NT Iph. 132 & 133	NT Iph. 89, 91, 93, 95, 96,
	Lwesithathu & Lwesine	Uhlolo lwesi-2 lokuBhala: Iindaba zam	Incwadi yokubhalela	NT Iph. 93 & 95
	Lwesine	Uhlolo loku-1 lwezandi: Izandi noonobumba	NT Iph. 134	NT Iph. 94
		Uhlolo lwesi-2 lokuFunda: Ingqiqo	NT Iph. 135	NT Iph. 94
	Lwesine & Lwesihlanu	Uhlolo lwesi-2 lwezemiThambo: Usuku lwezeMidlalo	Okwenziwayo	NT Iph. 95
	Lwesihlanu	Uhlolo lwesi-2 lwezandi: Ubizelo	Incwadi yokubhalela	NT Iph. 96

* Amaphepha anokufotokotshwa olu Hlolo asekupheleni kwale ncwadi.

Thatha iincwadi zabafundi uze uzikorekishe iveki nganye. Qwalasela abafundi abasilelayo uze ubancede ngokuhambelana nezidingo zabo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Uhlolo loku-1: Uhambo
(Iveki yesi-3 Lwesibini, Lwesithathu noLwesine ngexesha lobuGcisa Bokwenziwayo
NT iphepha 30 **amanqaku 5**

Ikhrayitheriya: • Ukuqonda isihloko achaze utyelelo ngendlela eyiyo. • Ukuchaza utyelelo ngokucacileyo esebenzisa amagama anika umdla. • Uchaza utyelelo ngokulandelelana okuchanekileyo. • Ulwazi lolwimi: ukubeka kakuhle, isigama esininzi. • Ukwazi ukuthetha: imvakalo, indlela igama elibizwa ngayo, ukukhawuleza notyibiliko.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayi-theriya e-1	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-4	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-5

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UHLOLO LWESI-2: Ukuphulaphula nengqiqo
(Iveki yesi-6 Lwesibini)
NT iphepha 66, amaphepha afotokotshwayo iphepha 132 **amanqaku 5**

Inqaku eli-1 ngempendulo nganye echanekileyo

1. Idama (umfanekiso woku-1)
2. UDuma wayengakwazi ukudada emanzini anzulu. (umfanekiso wesi-2)
3. UJabu watyhalela isiqobo somthi emanzini. (umfanekiso wesi-2)
4. UJabu wabaleka waya kufuna uncedo. (umfanekiso woku-1)
5. Amadoda ahlangula uJabu. (umfanekiso wesi-2)

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Uhlolo lwesi-3: Ukuqwalasela iklasi kukuPhulaphula nokuThetha kunye nezinye izifundo ze-orali
(Iiveki 1–9) **amanqaku 5**

Ikhrayitheriya: • Ukuphulaphula abanye ngaphandle kokuphazamisa. • Ukulandela imiyalelo nezaziso. • Ukungenelela kwizicengcezelo, imibongo neengoma. • Unegalelo kwiingxoxo zeklasi. • Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo zababini.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayi-theriya e-1	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-4	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-5

Ewonke **amanqaku 15**

IISAMPULU ZEMISEBENZI YOHLOLO

IZANDI Uhlolo loku-1: Gqibezela amagama (anoonombini abafundiweyo) (Iveki yesi-8 Lwesine) NT iphepha 94, amaphepha afotokotshwayo iphepha 135					**5 amanqaku**
Inqaku eli-1 ngempendulo nganye echanekileyo 1. imvula 2. iintsiba 3. iqhosha 4. imveku 5. umtshayelo					
IZANDI Uhlolo lwesi-2: Ubizelo (Iveki yesi-8 Lwesihlanu) NT iphepha 96					**5 amanqaku**
Inqaku eli-1 ngempendulo nganye echanekileyo 1. intsimbi 2. imvulophu 3. intsente 4. ibomvu 5. hamba					
IZANDI Uhlolo lwesi-3: Imisebenzi yokwakhiwa kwamagama, uvavanyo lobizelo, imisebenzi (Iiveki 1–9)					**5 amanqaku**
Ikhrayitheriya: • Uchonga unobumba nezandi ezifundiweyo. • Uqhekeza amagama abe zizandi. • Udibanisa izandi ache amagama. • Ugqibezela imisebenzi yokwakha amagama eyedwa. • Ugqibezela imisebenzi yezandi eyedwa.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayi-theriya e-1	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-4	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-5
Ewonke					**amanqaku 15**

UKUFUNDA NENGQIQO Uhlolo loku-1: Funda isivakalisi esiboniweyo (Iveki yesi-8 Mvulo–Lwesihlanu)
NT amaphepha 89, 91, 93, 95, 96, namaphepha 133 & 134 **amanqaku 5**

Ikhrayitheriya:	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
• Ukufunda ngesantya esifanelekileyo. • Ukuqaphela onke amagama abonwa rhoqo afundisiweyo. • Ukuphimisela igama angalaziyo. • Ukuqaphela iziphumlisi (kubonisa ukuba bafunda ngengqiqo). • Ukufunda ngembonakalo enikisa umdla notyibiliko.	Uzalisekisa ikhrayi-theriya e-1	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-4	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-5

UKUFUNDA NENGQIQO Uhlolo lwesi-2: Ukufunda ngengqiqo (Iveki yesi-8 Lwesine)
NT iphepha 94, iphepha elifotokotshwayo iphepha 136 **amanqaku 10**

Indlela yokunika amanqaku:
Ungalindeli isivakalisi esipheleleyo, korekisha indlela esivakala ngayo ungajongi ukupela okuchanekileyo.
- Umbuzo woku-1: Ngoba akukho moya (1) okanye amanzi (1) okanye ukutya (1)
- Umbuzo wesi-2: Umzila weenyawo (1) nemodyuli yenyanga (1)
- Umbuzo wesi-3: Kwisiphekepheke sasemajukujukwini (1)
- Umbuzo wesi-4: Zuba/luhlaza (1)
- Umbuzo wesi-5: Yamkela neyiphina impendulo evakalayo, umzekelo, inyanga incinci (1), ayinazinto ziphilayo (1) ayinamanzi nomoya (1)

UKUFUNDA NENGQIQO Uhlolo lwesi-3: Ukuqwalasela iklasi kukuFunda noTitshala nokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (Iveki 1–7 & 9) **amanqaku 5**

Ikhrayitheriya:	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
• Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zokufunda notitshala. • Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zokufunda ngamaqela. • Ukufunda neqabane kwisifundo sokufunda ngamaqela. • Ukuqaphela awona magama afundisiweyo abonwa rhoqo. • Ukubonakalisa ukuqonda.	Uzalisekisa ikhrayi-theriya e-1	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-4	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-5

Ewonke **amanqaku 20**

IISAMPULU ZEMISEBENZI YOHLOLO

UKUBHALA NGESANDLA Uhlolo loku-1: Khuphela ipateni nesivakalisi (Iveki yesi-7 Lwesine) NT iphepha 82					**amanqaku 5**
Ikhraytheriya • Ukubumba amagama ngendlela echanekileyo. • Ukubhala oonobumba ngendlela abekwe ngayo emgceni. • Ukushiya izithuba ezichanekileyo (phakathi kwamagama). • Ukubhala ngendlela efanayo angajika-jiki. • Ukuchonga oonobumba ababhalwe kakuhle.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayi-theriya e-1	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-4	Uzalisekisa iikhrayi-theriya ezi-5
UKUBHALA NGESANDLA Uhlolo lwesi-2: Ukuqwalasela iklasi kwimisebenzi yokuBhala ngeSandla neminye imisenzi ebhalwayo (Iveki 1–9)					**amanqaku 5**
Ikhraytheriya UkuBhala ngeSandla kwimisebenzi yokubhala ngesandla kwezinye iimeko ku…	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
